We travelled on a 7:00 am bus in the morning. The driver was a short man with a bald head, long black beard and long front teeth on dark gums. His stomach was big like a pregnant woman. His stomach was suffocating me. I looked down avoiding looking at his stomach. My mother took her Standard bank money bag from her bag. She took out a five rands paper note, two rands paper notes and one rand coin. It was not enough but that was all she had. The man was too kind to my mother; he did not take the money but allowed us to come in. This funny bald-headed old man smiled to my mother and my mother smiled back to him. I pretended I was not looking. I was thinking to myself, maybe he was my mother's childhood boyfriend. He was not related to my mother, no. I know my mother's brothers. This man was not one of them. Does that mean he wants to be my mother's boyfriend? My father was a very good-looking man compared to this bus driver. Why my mother smiled to him? I don't know. I jealoused this long-bearded man. The conductor showed us where to sit. The bus was bumping up and down on the dusty gravel road. The road was full of deep potholes. The door was making a noisy sound and it was not tightly closed. The dust was getting in through the gap under the door. At 8:00 o'clock, the bus stopped at Mkhwane bus stop. Three teachers from my school got in the bus. I looked down; I did not want them to see me. Miss Tholeni came straight to sit next to me.

“Good morning Nwabisa how are you today?” Miss Tholeni asked.

“Good morning Miss, I am very well Miss. Thank you” I responded.

Where are you going to Nwabisa?”

“I am accompanying my mother to....” I replied.

Before we finished our conversation, we were interrupted by a boy of about three years old. He vomited not far from us. The vomit splattered to my dress. Misfortunes of Fridays were following me. Without saying sorry, the mother of the boy took an off-white old napkin from a *no problem* plastic bag and wiped my dress. The napkin was smelly like a damp dark room. The smell from the vomit was so terrible. I closed my mouth and my nose. My mother was sitting next to the window the vomit did not affect her except for the smell.

An old man with white hair, beard, and a stick. He was carrying an old red lip isiXhosa bible in his left hand. He stood up and started a church song. His long white duster coat was ironed and starched nicely. Old people in the bus sang along. They sang in the old people's way. They were beating the insides of the bus. I was not comfortable with the noise they were making. I was thinking of Thoko and her list of noise makers. He lifted up his stick indicating the end of the song.

“Let us close our eyes and pray”. The old man said and he started to pray. He prayed for a long time. My mother and I did not see that we passed the bus stop where we were supposed to jump off. The old man finished praying about five kilometres from our bus stop. My mother opened her eyes and saw that we had missed our destination. We rushed to the front next to the driver. I was so angry at the old man for praying for a long time that we missed our destination. We jumped off about nine kilometres from our destination. We had to hitch hike back to Mbangcolo location. It was still early in the morning and there were no cars to Mbangcolo at that time. We had to walk our way back. I was limping from the cone from my left foot. My dress was smelly from the vomit.

Fridays are always trouble for me.

### **My bad day**

My sister and I are playing hide and seek. My pink dress is too small and it tears. I want to run fast before my sister finishes counting. My little dog is running and barking after me. The sun is closer to me. I sweat as I run. I hide under *igoqo*. My dog is pulling my dress.

“Shhh! Stop the noise Shorty.” I am whispering to my dog. The dog does not listen. The ants are pinching my buns. The bees are buzzing around my head. One sting causes me to give a loud cry. I hear my sister’s footsteps coming closer. She quickly calls “I see you.” She pats me on the shoulder and runs back. She hits the wall three times. She is not aware that I am in pain. I cry again. I am unable to count to thirty. She begins to worry. “What’s wrong why are you crying?” She discovers that I have covered my left eye. She quickly pulls my right hand and sees that my eye is swelling and quickly gives alarm. Mother comes out running.

“What is happening?” she asks.

“She has been stung by a bee” replies my sister. My mother quickly smears some Zambuk ointment and tries to pull out the sting. I want my mother to stop the pulling. It is painful. My dog looks at me as if it understands my pain. It rubs its body against me. My knee is bleeding. She washes my knee with warm water and Dettol. It is itching. I pull out my leg from my mother’s hand. She pleads with me to be patient. She puts on the Zambuk. My mother leaves us to go and fetch water from the river. She leaves the baby with my sister. She walks down the hill. I decide to follow her. I do not feel the pain now. My big brother from another mother appears carrying *ucelemba*. He is sulky and his cheeks are moving with anger. He looks very ugly. Why is he not smiling at us? I ask myself. He rushes to my mother. He raises up *ucelemba*.

“Die witch” he shouts.

“Noooo.” I scream. My mother falls and her yellow bucket rolls down. Within minutes she is in a pool of blood. Other mothers come running.

“*UKoko umbulel’ uNosecond*” they scream loudly.

I freeze with shock. The crying does not come. I shiver with fear. Aunt Fufu picks me up and holds me tight to her breast. She rubs my back up and down with her right hand. Within a short time the place is full with people.

My father's horse appears. The dust is spreading all over as it gallops. The sun is very hot. There is the smell of sweat. My father gets down from the horse and rushes to my mother. He kneels down over my mother and gives a loud cry of shock. Other fathers come running also. They pick up my father. He pushes them away. Uncle Tom falls back. Other fathers drag my father by force. He cannot stop crying and shouting.

*"Yhooooooooo."*

*"Nosecond, Nosecond, yhini mfazi wam! Wenzen' umfazi wam?"*

I want to jump off aunt Fufu. I don't know what to do. I think I am losing my mind. My mother is covered with *ixakatho*. I want to remove it. It is very hot. Another father comes to my father and talks to him father talk. My father nods at this father talk. This other father takes my father's horse and rides it. The horse gallops to the south direction.

I hear a sad sound of the police van from a distance. Mothers and fathers are sad on their faces. The mothers are crying and their hands are on their heads. Maybe they loved my mother. My big brother from another mother is tied with rope. He tried to flee but many fathers caught him. He is shouting at them. His face is very ugly.

*"I killed the witch, I killed her."*

I rush to him. I spit in his face and run to my father. My father takes me in his arms. The policeman removes all the mothers and fathers from where my mother is lying. They put a yellow tape all around the place where my mother lies. I want to go home and be with my sister and my little brother. My father holds me tight to his chest. Tears are rolling down his face. Another mother from another homestead is brushing my father's back. I am jealousing her. Why is she brushing my father's back with her hand? I pretend like I hold my father at the back. I move her hand from my father's back. The ambulance is making noise from a distance. It is closer now. I close my ears. The ambulance men are taking my mother. I want to stop them from taking my mother. I want to go with my mother. I cry. My father brushes my back. His tears are rolling down to his chin. I feel sorry for my father. I want to do something to console him. He is my father. I need to do something to console him. It is not nice to see him crying. I wipe his tears with my jersey's sleeve.

### **At home**

My sister is carrying my brother on her back. She sings a children's song to make my little brother sleep. Tears are rolling down her cheeks as she sings. My baby brother is crying the sobbing is making him break and cry. Maybe he is hungry he wants to drink his milk from my mother's breast. Many mothers tried to calm him but he cries very loud. My mother did not come back home. The ambulance man did not come to my home. There are many mothers in my home now. They are cooking food for many fathers and grandmothers from other homesteads. They are cleaning my home. My mean aunt lives with us in my home now. Another aunt is very nice to me. She gives me sweets when I cry. I cry when I want her to give me sweets. When she takes my little brother from my sister my brother sniffs her breast and cries. She brushes his back with her right hand but my little brother is crying too loud. My father is sad. He looks at my crying little brother's face. Tears are flowing like balls down my father's face. Both of them now are crying. My father is not crying out loud but my baby brother is crying out very loud. His little mouth is wide open and dribbles are flowing to his chest. His baby romper is wet now from sweat. His hair on the soft spot is moving up and down. My sister takes the baby and brushes his soft spot.

My mean aunt looks at the baby with ugly eyes. She opens an old tin of ointment. I sneeze from the smell coming from the old tin. She rubs the ointment on my baby brother's soft spot. She is not smiling at the baby. She closes her tin and drinks her black rooibos tea. My little brother is drowsy now. He is crying very softly now. He stops and cries again very slowly now. His voice is shaking. The hair on the soft spot is not moving now. The ointment smells bad but it is good for my brother. He sleeps in my sister's arms. My other aunt who gives me sweets when I cry takes the baby from my sister and puts him on the small mattress next to her. There is singing in the house. Churching mothers are singing in a sorrowful way. Their voices are shaking as they sing.

### **New mother**

There is a new mother in my home now. She cooks nice food. She is very short with big, beautiful eyes. My father is always happy when he speaks to her. She looks down when she speaks to my father. My father is not working in the mines now. He works in the vegetable garden and sells vegetables to the shops in town. My father keeps many chickens at home to sell. My new mother does not like to talk when my other big mother is talking. She makes tea for her. She drinks her tea and always leaves without shouting at my new mother. I miss my real mother. My father told me that she lives in the sky now with many stars. At night I look up to the sky to see my mother. I don't like my new mother to know that I miss my real mother. She is nice to me and makes me her child. I cry when I think about my real mother and pretend my stomach is sore. She gives me aloe juice. It is bitter. I drink it and sleep under my blanket and cry when she is not looking at me.

She bakes nice bread for us. Other mothers are not talking to her. They are jealousing her. She is not old like them. She has a small waist like an ant. She is dark and her legs are not long like Noma's mother. Her eyes smile. Her cheeks are soft like tomatoes. She smiles to us her children from my real mother. She sings baby songs for my baby brother when he cries. My baby brother stops crying and smiles with tears on his cheeks. He listens to my new mother and makes sounds like my new mother.

## Cry

My sister hits me with a stone on my left eye. I cry and she apologises. My new mother calls me. She rubs my left eye with her right hand. I scream. It is painful. My sister is sorry. She pats my back with her left hand and wipes my tears with her right hand. Her hand is smaller than my new mother's hand. My sister gives me her orange. I smile and take it. I am not crying now. I peel the orange with my finger nails. My tears roll down my cheeks. I try to smile so my sister can see that I am not crying. This orange is causing my tears to come. My new mother is cooking *umphokoqo*. I play with my little brother. He pulls my hair. I want to cry but I don't want my little brother to see me crying. I put my baby brother in a small brown cardboard and pull him. He is giggling. He is happy that I pull the cardboard. My new mother looks at us and smiles a kind smile. She loves us I think. My father arrives with a bag full of guavas, oranges, bananas, apples, raisins, peanuts, brown bread and cheese. My new mother smiles at my father when we are not looking at them. They are happy I think. My father is not crying anymore he smiles and plays with us, his children. My new mother does not have a baby like my real mother. She makes tea for my father. She kneels down when she gives him food. Why is she doing this? I don't know. My father lifts her up. She gives us apples and raisins.

It is dark now. There is no sun, only stars. I pretend I want to go to the toilet outside. My sister does not want to go with me. I am not afraid I tell my new mother. I tell her not to worry. I walk slowly to the toilet outside. I look at the stars, looking for my mother as I walk. I am not afraid at night. My father told me that she is looking after me in the sky. I want to tell my real mother that she must not worry about us we are happy. Our new mother cooks for us. She does not shout at us like my mean big aunt. Our little brother sleeps in their room. I don't want her to think I don't love her anymore. She is my mother my real mother. I am not crying but tears are flowing as I look up on the sky. "I am not crying mama. My father tells us not to cry because we are making your heart sore." I tell my mother.

### **My father's friend**

My father's friend comes to my home every day and talks to my father about many things. He talks about Mandela. I listen. He talks about how he fights in jail for people. My new mother calls me. I pretend I don't hear her I want to hear more about this Mandela jail. My father tells me to go to my new mother and hear what she wants to say. I walk slowly to my new mother. My father's friend is talking very soft now only my father can hear. I love my new mother but I am angry at her because she called me. Why is she calling me now? My father's friend does not have a horse like my father. He rides my father's other horse the black one. When he takes some chicken eggs to the shops he rides on my father's black horse. He helps my father with chicken feeding. He gives purple water to the chickens. I watch him closely when he is alone with my father's chickens. I pretend I am learning from him. I want to see what he is feeding my father's chickens. I don't want him to feed my father's chickens with the bitter drinks he drinks. I don't watch very close when my father is with him.

He does not have a horse like my father. He rides my father's other horse, the black one. When he takes some chicken eggs to the shops he rides my father's black horse. He helps my father with chicken feeding. He gives purple water to the chickens. I watch him closely when he is alone with my father's chickens. He drinks bitter drinks when there is no school. My father does not drink bitter drinks but he talks to him when he drinks. He eats our food with my father. My new mother gives him *amarhewu* and baked bread he claps his hands and takes the food from my new mother. He smiles to my new mother when my father is not looking. He likes her I think. When he drinks his bitter drinks alone he calls me and my friend Nozi. He does not drink when my father is working chicken eggs. He works with him. He does not call us when he is not drinking his bitter drink. I run to my new mother when he calls us but my friend Nozi goes to him. He touches her buttocks and kisses her on her mouth. Noma says his mouth is bitter like the drink he drinks.

My new mother told me to run away when another father calls me and touches me like that. She told me that my body is my body no one must touch me like that. Nozi is not afraid. She does not mind him at all. I tell her to run but she does not listen to me. He gives her some money. I don't want his money. My father gives me money. Nozi does not have a father. Her ugly uncle touches her like that always. He always talks out loud and sings ugly songs on his way home. His beard is very long and ugly. Nozi's mother sells oranges, bananas and apples at the school gate. She does not have many friends. She wears old dresses. I wish my new mother can be her friend. Other mothers are mean to her. They are not churching with her.

She does not have a churching friend. I don't know why Noma's mother is not churching with her. Nozi is children churching with us.

# Part B:

## **Ingqokelela Yeentsomi-Mabali**

Submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of

Master of Arts in Creative Writing

of

Rhodes University

by

Nonqubela Evelyn Rasmeni

March 2020

## **IMBULA-MBETHE**

Le thisisi ingokuvuselelwa nokubaliswa kweentsomi zesiXhosa eziveza imilando ngeziganeko nenkcubeko yakwaXhosa. Kule thisisi kusetyenziswe iintsomi ezingazange zibhalwe inkoliso yazo, ze ngobuchule zaxutywa namabali anjongo ikukufundisa, ngenjongo yokuvuselela iintsomi kwinkcubeko yakwaXhosa. Ababhali nabaqokeleli beentsomi zesiXhosa nezinye iilwimi abafana noG. V Mona, Kholeka Sigenu, Yolisa Madolo, Amos Tutuola, noCarmen Gimenez, babe nefuthe kule thisisi nangona iintsomi zabo zingazisebenzisi zonke esi sakhono sokuxuba amabali neentsomi. Likho ithemba lokuba esi sakhono sisetyenzisiweyo kule thisisi siya kuvuselela umdla osele ufuna ukunqaba ezintomini. Ukudodobala kweentsomi kukudodobala kwenkcubeko yesiXhosa, oko kukuthi ukuvuselelwa kweentsomi kukuvuselelwa kolwimi lwesiXhosa nenkcubeko yakwaXhosa.

Kuphando endilwenzileyo ndifunde incwadi ngokubhalwa ngu R.Siyongwana. Ndiyithandle indlela abhale ngayo le ncwadi udibanise ibali kunye nentsomi kuba izinja ngokolwazi lwam azikwazi kuthetha uLwimi olusetyenziswa ngabantu. Umbhali kule ncwadi usebenzise ubuchule ekubaliseni ngendlela izinja eziva ngayo nendlela ezilumke ngayo. Ndifunde kuye indlela yokubalisa ibali elibuye libeyintsomi. Ndiza kukhe ndilizame eli linge xa sele ndibhala incwadi yam yeentsomi. Zikhona nezinye iincwadi endizifundileyo zabanye ababhali endingabalula kubo u-Amos Tutuola kwincwadi yakhe ethi, *The Palm-Wine Drinkard*. Kolo phando bendilwenza ngokufunda iincwadi ezibhalwe ngobuchule ziincutshe zokubhala ndifunde nenye incwadi ebhalwe ngu Carmen Gimenez ethi, *My mother she killed me, my father he ate me*. Uyibhale ngendlela ebonisa ubuchule bakhe ekubaliseni ibali elibuye libeyi ntsomi ngaxeshanye. Kundivule amehlo ukufunda iincwadi ezibhalwe ngale ndlela kuba mna bendisazi ukuba xa ubalisa intsomi uqala ngokuthi, kwathi ke kaloku ngantsomi.

Ndifunde imibongo ebhalwe nguJ.J.R. Jolobe, owokuqala uthi, “UNomhi” ndiyayithanda kakhulu indlela amzoba ngayo umlinganiswa wakhe. Umzoba ngendlela enika umdla nendifundise ukubaluleka kokumzoba umlinganiswa xa ndibhala. Kwilinge lam lokubalisa intsomi ndiyisebenzisile le ndlela yokubazoba abalinganiswa bam.

## ISIKHALO SIKANONTWIKUNINA

“Yiza kumama, Ntwikunina kamama,” Watsho uNohamile evule izandla ekekelise intamo, uncumo lutsale izidlele zaya kuma ngeendlebe.

“Mama, nditsho kangaphi ukuba andifuni kutshata noMpikayise? Kunini mama ndikuxelela ukuba yohlukanani nam? Otatomncinci mabendisele iintombi zabo kweli joyini mna ndinesoka lam uBhayilam.” Watsho uNontwikunina efinge iintshiya, enyevulela unina, iinyembezi zomsindo zingcolise eso sifuba saloo lokhwe yakhe yayimthubi. Eloo bheqeza lasesifubeni wawungenakulazi nokuba libomvu na okanye lilubhelu. Ezo ziqholo zobuso zazilidyobhe yangathi linxitywe lusana olutyekazayo.

Waphuma engakhange aphenhule uSolakhe uyisemncinci kaNontwikunina. Wayejonge phantsi yonke loo ndlela igodukayo. Wothuswa kukuhlangana noyise kaBhayilam sele embiza ngomkhozi. Babengazange bayihlalela inyewe yokwendiselana ngaphambili. Akazange aphenhule uSolakhe wamgxezula kakubi akugqiba wamlingisa ngaloo ntonga wayesimelela ngayo. Babedume kakubi ke abazali bakaBhayilam ngokuba imfuyo bayithengise.

Waphuma uNontwikunina wathi chu ukuya kuhlangabeza isoka lakhe ephethe ityesi encinane eneempahla zakhe. Wayetsho ngeso sinqana sasingathi sesikanomeva ngobuncinane. Loo mehlwana akhe mancinane ayedumbe okungathi utyiwe ngoonomanxelana. Ukulila kwakummoshele nobo buso bakhe wayebulungisile. Wabonwa lisoka lakhe esekude lamhlangabeza sele ligxanyaza okungathi libala ii-ankile. Wayemilele phezulu kambe uBhayilam etsho ngaloo milenze imide ingathi imile esinqeni.

Wayeyingqolosi ngenene. Iinwele zaziqala ebunzi zize zehle ngeetuma ukuyongenelela apho kuqala khona iintshebe. Umlomo wayengakuthandi kakhulu ukuwuvula, naloo mazinyo ophukileyo ngaphambili ayesisisulu sokubethwa ngumoya. Wayehlala enxibe iimpahla ezimnyama ezinombhalo waloo nkampani wayesebenza kuyo yamalahlle. Sathi chu eso sibini sibambene ngezandla, simana ukuma sijongane ebusweni. Saya kutshona kumlambo mkhulu owawungawelwa ngenxa yeengwenya ezaye zihlala apho. Wabulala umbundlwana uBhayilam wathabatha inyama yayo wayihloma eluthini wayiphakamisela phezulu. Ngephanyazo, kwathi gqi ingwenya enkulu kakhulu,

“Molweni zihlobo zam, niya kweliphi icala namhlanje? Yabuza ingwenya sele ivuza izinkcwe kukurhalela loo nyama yombundlana.

“Siya pheshaya komlambo, ungasinceda usileqise khona, umrhumo siwuphethe.” Waphendula sele okhe amaxhaka uBhayilam.

“Ndisisicaka sakho Mhlekezazi masiyeni.” Yatshe ingwenya isondela elunxwemeni lomlambo. Bakhwela emqolo wengwenya yadada phezu kwamanzi nabo ingwenya. Wayevuya kakhulu uNontwikunina iphupha lakhe lalizaliseka. Wayemane ecimela abuye ajonge eziphekuza ngesandla emana ukuncumela elo soka lakhe. Wayezibona sele ezonwabele nesithandwa sentliziyo yakhe nabantwana babo ngaphandle kokuphazanyiswa ngabazali ababemkhetela isoka. Wayenomfanekiso ngqondweni welizwe abaya kulo elingenazithintelo kulonwabo lwakhe. Nangona sasihlaba isikhumba sengwenya, wayengakuveli ntweni oko kuhlatywa ngamaqoqo esikhumba sengwenya. Uvuyo nothando awayenalo lwalugubungele yonke into. Wayenengoma awayeyivuma kamnandana.

Emva ekhaya bashiyeka befunisa abazali bakaNontwikunina bancama kungekho mntu unamkhondo. Usizana olungunina lwagula sisifo sentliziyo ukususela koko kulahlekelwa kwaso yintombi yaso. Iphupha lakhe lokuzibona enomkhwenyana osisityebi lalinyamalele.

UNontwikunina noBhaylam baya kuhlala kwidolophana enomgodi wamaladle. UBhayilam wayevuka kwangentseni ahlambe anxibe iimpahla zokusebenza ezinombala omnyama. Wayevuka kwakusasa uNontwikunina alungiselele umyeni wakhe ukutya aza kuphatha emsebenzini. Babesele benabantwana abathathu abalinganayo. Waqala umkhuba wokungabuyi ngolwezihlanu xa erholile uBhayilam. Yayimkhathaza le nto uNontwikunina ahlale elila. Babelila nabantwana bakhe xa bembona elila. Babengenazo iimpahla ezaneleyo abantwana bakaNontwikunina babenxiba iihentshana ezinde nebhulukhwana zobusana. Wayesele wanciphayo emzimbeni engathi lintshontshwana lentaka elinethwe yimvula.

Ngenye intsini wavuka ekuseni uNontwikunina esosula ezo nyembezi, ezithethela. “Uyabona, ndigqibile ukulila ngoku. Asoze ndiphinde ndililiswe nanini na. Ndiyintombi kaNtsumpa mna, ndiza kwenzela ukutya ndoda. Kunjalonje okona kwakhe kwamnandi.” Ayothule phezulu intsini elungisa eso sidlo somyeni wakhe, akugqiba amfakele ebhegini yakhe yokuphatha.

“Sithandwa sam, naku ukutya kwakho ukonwabele, ndikulungiselele ngothando.” Watshe uNontwikunina emanga ngobubele lo gama uBhayilam ethe ng’ a loo mlomo wakhe kuvele ezo zirhezu zamazinyo.

Lafika ixesha lokuba kutyiwe ngexesha ledinala. Wakhupha isitya sakhe ngamabhongo amakhulu uBhayilam. Wayehleli phakathi kwamanye amadoda ngeli xesha akhupha isitya sakhe. Wayethembise umhlobo wakhe awaye esebenza naye ukuba uza kumpha xa esitya isidlo sasemini. Babevumelene ngolo hlobo njengoko babetye kunye ngexesha leti yentlazane. Wathi esalungiselela ukuvula isitya sakhe kwavakala ilizwi lomhlobo wakhe.

“Yhe Bhayi mfondini sakhangeleka sisihle esi sitya sakho, ungandilibali.” “Ndingakulibala njani mfondini emva kokutya amaqebengwane akho amnandi kangaka. Yiza mfondini masitye.”

Wasivula ngegugu uBhayilam isitya sakhe, gqi ngamalahle amnyama ebengezela. Wavutha umsindo kaBhayilam wasilahla kude lee eso sitya. Ukusukela ngaloo mini akazange aphinde abuyele endlwini yakhe uBhayilam.

Emva kweentsukwana ezimbalwa engasabuyi uBhayilam, uNontwikunina wazixelela ukuba uza kumfundisa isifundo uBhayilam kunye noogxa bakhe. Wanduluka kwangentseni uNontwikunina waya emsebenzini kaBhayilam. Wafika kanye ngexesha leti yentlazane. Wangeniswa ezi-ofisini wachaza isizekabani sokundwendwela kwakhe apho. Wabizwa uBhayilam weza. Wabuzwa ukuba uyamazi na loo mfazi, walandula uBhayilam esithi akazange wambona nasemdudweni. Bamhesha okomshologu abaphathi bakaBhayilam uNontwikunina bemtyhola ngokubachithela ixesha. Wahamba ngomva ukubheka emnyango, waphinda wangena engxame okwenkunzi yegusha. Suka wavuthamelana okwendubule. Bathi besamangalisiwe, waya evuthamelana, besathe nta amehlo bemangalisiwe, wasothula isikhalo uNontwikunina bavala iindlebe abaphathi bakaBhayilam. Ngenxa yengxolo yesikhalo sikaNontwikunina zavaleka mba iindlebe zabasebenzi bonke ababesenza noBhayilam. Ukusukela loo mini abazange baphinde beve ngeendlebe abantu baloo nkampani yayisebenza uBhayilam. Kwabakho ingxaki enkulu apho, bonke abantu babengeva ngeendlebe. Kwacaca ukuba indlela enokubancedisa kukubhala yonke into phantsi xa bethetha. Abaphathi benkampani bafunda ukusihoya isikhalo somfazi. Isikhalo sikaNontwikunina sayitshintsha indlela ababejongwa ngayo abafazi kuloo nkampani.

## UXAMANA NENTOMBI YOMVUNDLA.

Akukho nto ikuzoboza kamnandi ngathi kukugcakamela ilanga. Ndathi ndisagcakamele njalo ematyeni kumlambo okufutshane nasekhaya. Cum... yoyi, ndabiwa bubuthongo obumnandi, *Rrrhhh...Rhooo...Rrrhhh*, wena wakha wasiva isandi sokurhuqwa kwamafele omileyo. *Rrrhhh* "...tyhini madoda! Ndiphi? Ndim lo? Ndingumkhaphi? Umama uyatshata?" Ndisacinga njalo, gqi intombi yamaphupha am inkosazana yesizwe sakwaMvundla. UNobuhle ngenkangeleko. Ingelosi ehamba emhlabeni. Ubuhle bayo le nkosazana ingathi ayiyi kuzenza mfutshane. Sele ihamba, umhlaba uyakuvuyela ukunyathela kwayo. Ezo ndletyana zintle ngokungathi kwathathwa usuku lonke mhla zazisenziwa. Loo mlonyana mhle ngathi awushukunyiswa yintshukumo yokuzalisa isisu. Amehlwana ale nzwakazi awafani nawo onke endakha ndawabona, afana odwa ngobuhle.

"Ndichulile, ndibanjwe ngumama wam, sibetha kuhle ukuya ngaphambili. Makube ke ndim lo utshata nale nzwakazi." Kwezo ngcinga, ndaphazanyiswa lilizwi likamama, "halala nyana, namhlanje uyindoda emadodeni." Watsho endiphaxula ngobubele ngaloo msila wakhe njengokuba wayeqhele ukwenza xa enemincili, wandiqobela neliso, wancuma. Wayenxibe eyona yakhe yakudidi oluphezulu ilokhwe. Yayinombala ozitshintshayo, obengezela mfusa suke wakusondela kuye, ujike ube bulembu. Sabetha kuhle ukunyathela oku. Loo mthika wayewuthe wambu emagxeni wamtsho wangathi yikumkanikazi. Wayenxibe iindidi ezimbini zezihlangu. Esasekunene sasimfusa, esasekhohlo sibulembu. Yayintle inkosikazi katata madoda inyathela kancinci ngokungathi yiyo eza kuthi "ndiya kwenjenjalo." Wasuke wandikhumbuza ongasekhoyo, utata wam. Isuti yam yayinemigca eluhlaza namthubi, ndinyathela ngezihlangu zam ezibomvu okwetumata, zitsolo ngaphambili, wena wakha wazibona izihlangu zomfundisi wecawe yomoya.

"*Kata-kata, kiti-ki*" Yatsho ikatala kamzala wam uNkawana yangathi wazalelwa ukubetha yona, ade ayibethe nangela gqajolo lakhe lomsila. Wayekekelise loo ntloko yakhe ejonge ngaphaya kweendondo okungathi ngutishala uNdlulamthi. Ibhulukhwe yakhe engqoqo eyayiveze amaqatha ngaphandle, yayixhaswe ngeentanjana ezityheli, ebetha ngehemphe emhlophe qhwa, nomnqwazi omnyama. Abakhaphi bam babenxibe iisuti ezimthubi naluhlaza, bebahle abahlobo bam bobahlanu. UNgwenya yena wayengumkhaphi wam ophambili. Isuti yakhe yayimsobo ngombala inebhatyana ende ngasemva, ithe yatya phezu komsila ze ibe mfutshane ngaphambili oku kukaJobela, inamaqhosha amhlophe.

"*Zvwi-ntswi-ntswi, zvwi-mvfw-mvfw*" Yatsho intsholo yekostina isitsho ngasemnyango. Yatsho kwavaleka iindlebe zam vingci andabiseva naloo katala ibibethwa ngumzala. Zangena

iimpelesi zikaMvundlazana zinxibe iilokhwe eziluhlaza okwesibhakabhaka, zimfutshane zinemisila erhuqa phantsi. Zazizibhijabhija iimpelesi zilandela loo ngoma yayidlalwa ngekostina nguloo mfo wayenezisini. Kwahamba ixesha engade avele uMvundlazana. Ndandijonge emnyango ndilangazelela ukumbona othandwa yintliziyo yam. Emva kwesiqingatha seyure, wangena owentliziyo yam emhle okungathi kukuphuma kwelanga. Wayenxibe ilokhwe emhlophe khazimlayo inde irhuqa phantsi. Wayebanjwe nguninalume uMfene. Babengathi abasafiki kum kangangendlela endandingxame ngayo. Ndaqalisa ukudanisa ndilandela ingoma leyo yekostina. Indlela endadanisa ngayo ndandiqala ukuyidanisa. Uthando lunemimangaliso, lunezinto olukwaziyo ukuzenza lona esingakwaziyo thina ukuzenza. Ndithe ndisadanisa njalo, suka bonke ababelapho bandiqhwabela izandla, nkqu nomtshakazi. Kuthe kanti bayandithuma, ndawulahla mpela umlenze. Zisatsho njalo izandla, suka yaphela intswahla kwangathi kuqhwaba umtshakazi kuphela.

Kuthe kanti loo mdaniso awuphelelanga ephupheni kuphela, kwaye ezo zandla sele izezentombi yekumkani; inkosazana yesizwe sooXam, eyothuswe koko kugqushalaza kwam kodwa ndilele. “Awu madoda, ndiselapha kula matye kanti?” Ndafane ndee nkebe kukudana ndakothuka kwelo phupha. Zaziphithizela izicakazana zenkosazana.

Yayindibunguzelela inkosazana indicela ukuba mandincede ndivume ukuba ngumfundisi mdaniso kwisikolo sakhe sokuphuhlisa izakhono zolutsha. Ndayebeyebeza kodwa ndavuma kuba ndingafuni ukumphoxa. Yenyuka nengalo intombi yasemzini okomfana owenze nzima intombi. “Ndiyakubona ukuba unguXam onobubele nolungileyo, ndicela wamkele esi sicelo sisuka emazantsi entliziyo yam. Ndicela ukuba ube lundwendwe lwam olubekekileyo kwisidlo sasemini ebhotwe,” yancumeza yatsho inkosazana. Yonke le nto yayisenzeka ngequbuliso yayingandiniki thuba lakucingisisa. Kwakucela intombi yekumkani, ndandingenandlela endandingaphepha ngayo isicelo sohlonitshwayo. Nangona ndandifile ziintloni nomothuko, ndavuma.

Ndenjenjeya ukubuyela ekhaya ndisiya kuzilungisa ndinxibe ngendlela efanele isidlo nenkosazana. “Kukuthini ukuwelwa ngumqa esandleni kanye xa ndingazimiselanga kufumana mqa? Uwela esandleni sam kuba kutheni? Ubungenakuwela kwabo bawulambeleyo? Ubomi abunamfobe ngenene. Ngoku ndinqwenela ukuhlala ndizonwabise ngala mboniso wasephupheni, imeko indinyanzelisa ukuba mandithathe isimemo endingasinqweneliyo. Akwaba ibinguMvundlazana ke lo undimemayo. Ukuba inkosazana ingafuna ukunditshata ndingalandula njani kanene? Ngumgibe wantoni na lo ndizibona ndigangxeleka kuwo?”

Ndisekwezo ngcinga zinzulu ndothuswe sisandi somntu obalekayo emva kwam. Xa ndijika ndijonga. “Nkosi yam, yiba netarhu kum. Obunje bona ubuhle?” Wena wakha wawabona amafu entshonalanga, babunjalo ubuhle bale ntwazana yayibaleka apha ezithendeni zam. Umlomo wam wabasengxakini yokuvuleka ngaphezulu komlinganiselo ofanelwe kukuvuleka ngawo. Izidlele zam zazingathi ziza kukrazuka luncumo endandinalo. Ndatshintsha nendlela yokunyathela ndabhampa, izandla ndazifaka ezipokothweni. Ndathi xa ndinyeka kuba ndingasaziva izingqi ndalubona uvuyo lweliso lam mgama luzivonyavonya, luzibhijabhija lusenza imithambo. Ndakhe ndema ndibukele obunjalo ubuhle bendalo. Ndawavala amehlo am ndabuya ndawavula ngelifuna ukuqiniseka ukuba andiphuphi kwakhona. Ndathi xa ndiwavula amehlo am ndafika isenza imithambo intombi yomvundla ingahoyanga. Wabuya umboniso wasephupheni xa ndibona obunjalo ubuhle. Ingaba ukubona eli gqiyazana ngeli xesha kanye emva kokuliphupha sisiqinisekiso sokuba ngowam ngenene? Ndasondela kancinane kuMvundlazana ndabulisa ngobubelekazi, nembeko enkulu. Wavuma uMvundlazana engayekanga ukuzibhijabhija.

“Kunjani nkosazana?”

“Ndiyaphila bhuti unjani wena?”

“Hayi ndiyagula nkosazana, ndiguliswa luthando, ndiyakuthanda.”

“Uthetha ukuthini bhuti ukuthi uguliswa luthando?”

“Ndinyanisile nkosazana yesizwe semivundla. Wena ungothandwa ndim ngenene, ndicela undinike intliziyo yakho ibe yeyam, neyam ibe yeyakho.”

Kwathi engekandiphenduli uMvundlazana waphazanyiswa kukufika kukaNgada ebaleka ephethe iselula kaMvundlazana. Wayekhefuzela uNgada kubonakala ukuba kudala ebaleka.

“Mzala...ndi-zoku-kunika i-i-ise-se-lula yakho kudala i-i-i-ikhala u-u-uNgwemebalabala kudala e-e-e-ekufuna. Ndi-zamile u-u-u-ukumxelela ukuba awukho uyishiye etshajeni ise-se-lula suke abeke phantsi engaphe-phe-phe-phenkulanga. Oko esenza eso sithukuthezi de ndabona kulungile ukuba ndiyikhuphe iselula yakho nokuba ayikagwali.” Utshilo uNgada esakhefuzela.

Uthathe iselula yakhe uMvundlazana encumencumeza ngokungathi ujonge kulowo wayemliliselwa ngeselula. Loo mlonyana wakhe umhle ngokwenene ubunjwe ngobunono edlala ngawo uMvundlazana. Ndayibukela le ntwazana indidlwengule umxhelo ibobotheka kodwa

ingabobothekiswa ndim. Ndandinqwenela ukuba ibe ndim oyenza ive ngaloo ndlela. Uthando lwalubhalwe ebusweni baloo nzwakazi. Ndandidanile, ndiziva ukuba ndiye ndikhathazeka koku kufika kweselula eyayingathi sisithunywa sokufa. Ewe yayisisithunywa sokufa kuba yalibulala lafa tu ithemba lokuhoywa lelo gqiyazana. Yaphinda yakhala iselula kaMvundlazana.

“Molo mhlobo wam. Ndiyaxolisa iselula yam bendiyishiye etshajeni. ...Ewe ndisakhuba kakuhle. Ndiyakuthanda nam sithandwa sam. Mamele thandwayo, ndisaxakekile okwangoku ndisazilolonga... hahaha.... Ewe mnqathe wam. Iselula yakho iza kuliliswa yeyam xa sele ndigqibile ukuzivocavoca. Bhayibhayi Sentliziyo yam” Wayesele encume ngathi uyambona uNgwemabalabala.

“Kazi ndakubanawo na amendu okushiyisela le ngwe, xa imabalabala ingandenyusa eqhineni.”

“Uxolo wethu bhuti, ubusathini kanene?” Wabuza uMvundlazana eyimvuzemvuze bububele emva kwaloo ncoko yakhe. Uthando belubhalwe ebusweni kuMvundlazana. Ebeqhwanazisa amehlo emana ukudlala ngezo ndletyana zakhe zintle kunene.

“Masiphinde sithethe gqiyazana, ndinedinga nenkosazana yesizwe sooXam.” Ndatsho ndihamba ndijonge phambili ndingafuni kuphoxeka. Ndandidanile noko yile ndlela enze ngayo uMvundlazana. Ndathi makhe ndinyeke kancinane ndixolise amehlo am. Wayekwelinye iqondo lolonwabo uMvundlazana. Wayesenza umdaniso, echopha aphinde aphakame ngokukhawuleza, ivosho, engaboni nokukhathazeka kwam. Ndafaka izandla zam ezipokothweni ndabhampa ukuhamba oku ndizincumisile ndabe ndililaxa ngaphakathi kukudana.

### **Endleleni eya Ebhotwe**

“Andisiboni isidingo sokubasahambela phambili nokuthabatha eminye imifanekiso. Lo mfanekiso ndiwuthathileyo wanele.”

Ucinge ngaloo ndlela uNkosazana Xam. Waxelela iimpelesi zakhe ukuba mabagoduke babuyele ebhotwe. Abahambanga mgama mde badlula kwimalike ethengisa imifuno neziqhamo. Uxelele impelesi yakhe ephatha ingxowa yakhe yemali ukuba mayithenge iziqhamo nemifuno. Wajijitheka uNomqolomba akubona ukuba loo mfazana uthengisela apho nguXameka intombi eyamshiya kwisoka lakhe awayelithanda ngokwenene.

“Zintshwencile Nkosazana ezi ziqhamo, masithenge phaya kweziya zingaphesheya.”  
Wacebisa watsho uNomqolomba. Engaphendulanga uNkosazana uthathe isingxotyana wafaka ezo ziqhamo ebezifuna kuloo tafilana kaXameka.

“Bendingaceli luvo lwakho ntombi bendikuyalela. Kwixa elizayo ungabophendulana nam phambi kwabantu ubokwenza ngokomyalelo wam. Ufuna bacinge ntoni ngam abantu? Inkosazana ndigqibele indim, kutshintshe ntoni ngoku kuwe, ndim ndehlile wena wenyukela?”

“Ndicela uxolo Nkosazana andikube ndiphinde ndiphazame.”

Wayengasavuyi uXameka kukufumana engako imali ngexesha elinye. Wayibala loo mali waphelwa ngamanani okubala. Wabulela kuNkosazana ngokumnceda kangako. Wayevova apha the kuguqa ngamadolo. Koko kuguqa ngamadolo kwakhe uXameka kungenelele nabanye oonomalike baguqa ngamadolo ukunika imbeko kwinkosazana yabo. Yanyibilika intliziyo kaNkosazana wathenga kubo bonke ngokulinganayo.

Endleleni egodukayo uNkosazana uhlangatyezwe ngumculo woonoplatana ulutsha lwamasele bebethelwa ikatala ngunonkala. Babezivonya oogive, amasele edanisa evuyela ukubona inkosazana yawo. Wathi akusondela kubo behlukana phakathi abanye kwelinye icala abanye kwelinye ngendlela enika imbeko. Kwaphuma imbongi yecikilishe yabonga, yatsho ngezidlwengul’ umxhelo zona izibongo ezi. Yayityityimba loo dyongwana ibonga iphathe kurhubuluza ngesisu ibuye ime ngomsila. Yayichukumisekile inkosazana lolunjalo ulwamkelo.

Yana imvula yamehlo kaNkosazana akuva izibongo zaloo dyongwana. Yayiphatha kukikizela loo dyongwana ibuye icengceleze ngolwimi lwasemzini. Yazibona sele ihleka inkosazana ubuso bona baye buseyingxididi yiloo mvula yayikhutshwa ngamehlo ayo. Zaxakwa iimpelesi ukuba ziyisule ubuso na okanye ziyilinde. Kaloku yayingafuni kuntantazelelwa ngokokude yosulwe nobuso. Yayihlala ibakhalimela abancedisi bayo ukuba mabangayenzeli yonke into. Babumabalabala ubuso benkosazana ngenxa yeenyembezi zidibene nezo zithambiso zokwengeza ubuhle.

Yayikuphiwe ukubonga loo dyongwana yayimtyibela, iphathe kuvuma ingonyana yomlozi engaqhelekanga. Iimbongi ke ziyavuseleleka kukubonga kwenye imbongi. Kwaphakama iqina likanomadudwane lisitsho ngolwimi lwakowalo. Loo ntsholo wayeyenza unomadudwane yazitsho zavaleka iindlebe zenkosazana. Yayingakuthandi ukucalula ngokobuzwe kodwa yayingamameleki loo ngxolo yayisenziwa ngunomadudwane. Wayevakala ukuba usemncilini kuba wayephatha kunyusa loo msila wakhe aphekuze ngawo ababukeli. Zayana ngamehlo ezo ntwazana zazimpelesa inkosazana. Yajonga phambili inkosazana yaqalisa ukuhamba ibonakala

ukuba ayonelisekanga yiloo mbongi yayithetha ulwimi olwalufuna itoliki. ISizwe soonomaDudwane sasingalandeli ngokupheleleyo singahoyanga naloo mfundo na kanene. Sesinye seZizwe esasingabathumeli abantwana baso esikolweni ngelithi asifuni bantwana baza kukhula bezilibele ukuba bangoobani. Bahambe bade baya kufika komkhulu bengayekanga ukucula oonoplatana. Laqhubeka iqela lomxhentso weenkonde samasele. Yayingasavakali loo ngxolo yayisenziwa lelo qina lalibonga ngesiDudwane.

Kwathi ukuba kufikwe komkhulu yatshintsha ingoma zombela ngoma yimbi iinkawu ezazinxibe ngokufanayo izihlangu ezimbejembeje zomdaniso. Iibhulukhwana ezimfutshane ezinombala wemango evuthiweyo. Zazidanisa elo vosho ngokokutsho kwazo zibile zibaleka amanzi.

Yathabatheka inkosazana lolo hlobo lomdaniso. Yaqubula iselula yayo, yacofa iqhosha lokushicilela ivido. Yayimana ukunqwala ngentloko inkosazana uncumo lugcwalise obo buso bayo babusele bubuhle kwakhona buhlanjiwe loo mibalabala. Yashicilela inkosazana imana ukuvova kancinane xa bevova onkawana abo babedanisa. Wafika ukumkanikazi ngokungxama ebizwe sisicakazana sakhe ukuba makaze kubukela loo mbhiyozo wawusenziwa. Wayengenalusini ukumkanikazi wayefinge ezo ntshiya zakhe zazizotywe okungathi yindlela eya edolophini. Loo misebe yayifakelwe yayijinga phumayo kubonakala ukuba uyingo lweentshiya lonakalise loo misebe yemboleko. Yayibaxiwe loo mizobo yamashiya kakumkanikazi. Wayewunduzelisa ilokhwe yakhe etyheli ephethe elo tshoba lakhe eliphosa ngasekhohlo abuye aliphose ngasekunene.

Waba nenhenhe loo mdaniso wevosho kukumkanikazi. Wayeyintokazi ezitshaya phambili ukumkanikazi lowo wayengayifuni into enokubathobela umgangatho. Umdaniso wevosho obusenziwa ziinkawu ububukeka kakhulu. Le Nkosazana yayingafane ibonakale ekuhlaleni, kwakuthi apho ibonakele khona ibe ngala mayeyeye, iphelekwe de iye kufakwa ebhotwe.

## **Ekhaya**

Andinakuphosisa, ndabanako ukukhweleta okuthile ndakubona indlela athandwa ngayo uNgwemalabala nguMvundlazana, ndizithuthuzele ngokuzikhumbuza ngesimemo seNkosazana. Ndifike ekhaya ndangqala egumbini lam, ndikhathazeke ndinjalo kwaye ndingafuni ukuba umama andibone ndikulo meko. Kuthe kanti ndiqhitele ngokungqala egumbini lam kuba yiloo nto kanye eyenze umama ukuba abe nesikrokro. Ndiva ngaye sele ethethela kufutshane nomnyango,

“Xamana wam, kunjani ndoda? Kutheni ungaqalanga endlwin’ enkulu ufumane isidlo sasemini? Kowu! Inokuba ufile yindlala. Ndikulungiselele isidlo sakho osithandayo, amaqanda enciniba kunye nentlanzi.”

Utsho umama sele endiphulula intloko oku ngathi uphulula intloko yosana. Nangona bendingayithandi loo nto kodwa ndiye ndathula ndingafuni ukumvisa kabuhlungu. Ndiyindoda ekwizinga lokutshata. Ebekekelise intloko emana ukuyisondeza kuye esifubeni, abuye andiphulule iindevu.

“Hayi nozala sukuzikhathaza wena bendifuna ukuqala ndihlambe, ndinxibe kakuhle ndinedinga nenkosazana.”

“Halala, halala, awuboni ke indodana yam bafazi! Halala... umfazi ongazelanga makabeleke ilitye...” Ebegida umama, ekhulule ijezi ebheshuza ngayo. Kweso sithuba sokukikizela kwakhe kuvakele ukhelekenkce phantsi, xa ndisithi mandijonge, nango amazinyo kamama emboleko phantsi. Loo golide ahombise ngayo ibitake kude lee. Ndikrukruthekile yintsini ndingafuni ukuba andibone ukuba ndiyahleka. Khange ahoje loo nto owam umama, uthathe loo mazinyo wakhe wawafaka epokothweni yelokhwe yakhe waqhubeka nokuvuya umama. Inyibilikile intliziyo yam xa ndibona ubunyulu bothando andithanda ngalo owandikhulisayo. Inyamalele ngaloo mzuzu loo nkxwaleko bendifike nayo. Besele kuisankxwe kungenelele nezinja zikhonkotha, imiqhagi ikhonya, izikhukukazi zisitsho ngeyazo intsholo zincedisa unozala, engayekanga ke naye ukuteketa. Ndidanise itwalatsa ndibetha ukhwelo kukuvuya. Senze loo ntsholo imnandi ebize nabamelwane abafike ababuza nto nabo bangenelela kuloo mbhiozo besikuwo. Bendibaleka amanzi umzimba wonke, iyabilisa itwalatsa. Kuphela kwento endizingca ngayo ke le yokuba kwisizwe sooXam, kulula ukuba sizonwabise kwaye nabamelwane abalindeli simemo, ukuba beva konwatywe, nabo ababuzi koko bayancedisa, bengakhathalelanga nokuba kubhiozelwa into engekho.

### **Ukukhala kweselula**

Ndiphunyuzwe kukufika kukadadewethu omdala eze kutya idinala. Ebesebenza kwisikolo esingekude kuyaphi. Ngendingazange ndimbone naye ukuba wayengandikrwecanga endinika iselula yam. Yayilile yaphinda yathula. Yayinenombolo ekubonakala ukuba izame ukundifowunela izihlandlo ezilishumi. Ndiyithathe ndisakhefuzela ndabuyela kuloo nombolo yayinditsalele kalishumi ingaphendulwa. Ikhale kwakanye yaphendulwa lilizwi elalisitsho ngokungathi kukhala umculo ezindlebeni zam. Ndandincume imilebe ivuleke ngokungathi iza kukrazuka. Ndandothuswe kukufonelwa nguMvundlazana exolisa ngokungandiniki xesha

lakuzandlala imvakalelo yam ngaye. Wayexolisa edomboza ngokudlala ngomkhunya kulanjwa. Ndaakekelisa intloko ndinqwala kwangaxeshanye, ndiwuva nomsila wam ukuba uyapitshoza. Wandicacisela ukuba uNgwemabalabala wayelisoka anyanzelwa ngabazali ukuba atshate nalo. Abazali bakaMvundlana, ngelabo babelungiselela intombi yabo ikamva njengoko uMvundlazazna yayikuphela kwentombi yabo. UNgwemabalabala wayengusomashishini oveleleyo kwezoshishino. Abazali bakaMvundlaana babengabahlobo babazali bakaNgwemabalabala. Wacela uMvundlazana ukuba sibonane ngentsimbi yesithandathu emalanga. Ndavumela phezulu sele ndiwubona loo mtshato wasephupheni lam uza kuzaliseka. Savalelisa nothandwa ndim. Usakhumbula ngokuya besisuke sabhiyoza nabamelwane, sajuxuza kwamnandi? Yinto eqhelekileyo ke leyo yokuba sibhiyoze singazi ncam ukuba sibhiyozela ntoni kanti isizathu sokubhiyoza siza mva.

Ndakhawulezisa ukuhlamba eshaweni ndaziqhola ngeziqholo ezinuka kamnandi. Ndandinomthandwazana apha ngaphakathi wokuba ingathathi xesha lide loo dinala kaNkosazana. Ndarhubuluza, ndibugabadula, ndithatha indlela enqumla emlanjeni khonukuze ndifike ngokukhawuleza. Ndandimane ndikhupha iselula yam ndijonge ixesha. Laliselihle noko kuba zazinyukela intsimbi yokuqala. Ndahlangana nomhlobo wam osenyongweni uFudwazana xa kanye ndiza kuwelela ngaphesheya. Sangena ixesha elide sibukana. Wayefike ngaloo ntseni ukuvela Phesheya. Wayenxibe iibhutsi ezinde ezimhlophe entloko ethwele umnqwazi otyheli okwentyatyambo yasehlotyeni. Wayefike ezithengele inqwelomafutha encinane. Imincili endandinayo kukudibana nomhlobo wam weminyaka. Ndamcela ukuba ahambe nam ukuya komkhulu. Zange alandule wavumelana nam sahamba ngaloo nqwelana yakhe.

Sathi sisekude sakhawulelwa yintsholo yomculo wegqom ulandelwa ngamazwi abadanisi. Sawuvala lowo wethu sasiwukhalisa noFudwazana. Wakhupha iindondo zelanga uFudwazana nam ndanxiba ezam. Sakhawulelwa zizicaka zakomhkulu zasibonisa indawo yokumisa imoto. Wayiqhuba uFudwazana wayokumisa kuloo ndawo sasiyiboniswa sisicaka eso. Saphuma apho sifake izandla ezipokothweni, iindondo ezimnyama zelanga emehlweni.

### **Isidlo nenkosazana**

Kwakuphithizela apho ziintokazi ezintle zilungiselela isidlo eso sedinga. Yangena inkosazana itsho ngaloo lokhwe inde isikiweyo emacaleni ibomvu okweengwenye ezivuthiweyo. Entloko wayethwele iwigi eneenwele eziyephuyephu okobulembu bombona omtsha. Kwakusitsho indyondyo yepiyano ngendlela ethozamisayo. Yangena ngomdaniso inkosazana amacikilise

esenza umdaniso welima lezifuba. Ayetsho ngento ebukelekayo ke loo matyendyana nezo ntombi zawo. Umbala wezobhulukhwe babezinxibile wawuhobe iishethi zimhlophe iibhulukhwe zixhaswe ngamakhrisibhanti amnyama. Zona iinzwakazi zazibetha ngeelokhwana ezimfutshane ezimnyama ezibhacekikeyo zathiwa khunkqu ngamabhanti amhlophe kwezo zinqana zazo. Watsho loo mdaniso qelele neetafile ezazizele zizibiliboco. Baphithizela abasebenzi abaziiweyitala bephinyela phakathi kwezo ndwendwe zazimenyiwe apho yinkosazana.

Kwangena uNgwemabalabala enyalasa kukuzithemba. Wayede abengathi unebhanyanisi nokuhamba oku ecuthe namehlo. Wayenxibe icici nebhulukhwe epitseneyo emazantsi imthubi ngombala nehentshana ephela entla kogqongo ethyeli. Wathi akubona loo nginginya imjongile, wafaka amazawadi amnyama elanga. Wadanisa isibhicongo sesiphithiphithi egila nezo weyitala.

Eso similo sikaNgwemabala yaba lisebe lenkawu kuMvundlazana, kuba wathi akanakuze atshate noNgwemabala ongenantlonipho. Yaba kukuqala kobomi obungunxantathu kuXamana kuba nenkosazana yayingayekanga ukumana immemela eBhotwe.

## UNOBUBELE NEHOTYAZANA

Uthando nenkosikazi yakhe uNobubele babezihlalela emazantsi entaba kufutshane nomfula onamanzi abalekayo. Babehlala bekulungele ukwamkela iindwendwe kuloo mzi wabo wawukubiza udlula ngendlela bubuhle. UNobubele wayekhuthela kakhulu elihomba kananjalo. Wayetsho ngaloo milenze mihle mikhulu naloo mpumlwana itsolo okweNgesikazi. Isinqana sakhe sasingawulingananga loo mzimba wakhe wawumkhulu ezantsi kwesinqe unciphile ngasentla. Unwele lwakhe lwalulude okungathi yintombi yeNdiya. Ezo nwele zakhe zazibetha emagxeni ziyephuyephu okobulembu bombona omtsha. Wayesithi xa ehamba kweloo bala lomzi wakhe unge umhlaba uyanqwala kukubetha kuhle konyawo lwakhe. Esi sibini sasingenabo abantwana. Sasizixolisa ngokwenzela ububele bonke abantu abagqithayo. Abancedisi babo babebaphethe kakuhle kakhulu ngokokude ubani acinge ukuba ngabantakwabo. Yayimhlupha ke uNobubele into yokungabinabantwana. Kuloo mfuyo yabo yayininzi kwakukho neentaka ababezifuyile. Hotyazana lithile elalimana ukufika liphiwe amazimba nguNobubele, laqaphela ukuba uNobubele iyamkhathaza le nto yokungafumani bantwana. Lagoduka labuyela emzini walo. Ngaminazana ithile laphinda lafika iHotyazana lacela intlanganiso noThando umyeni kaNobubele. Walungisa iziselo namaqebengwana uNobubele. Emini emaqanda lafika ihotyazana lihamba nomyeni walo.

Bankelwa ngobubele obukhulu oohotyazana nomyeni wakhe. Basela isiselo esihlwahlwazayo, batya namaqebengwane lawo ayelungiselelwe loo ntlanganiso. Bathi besahleli bothuswa sisithonga sokubhodla komyeni kaHotyazana etsarhwa nokutsarhwa kanti kukungaqheli isiselo esihlwahlwazayo. Waxolisa uHotyazana nguloo mbhodamo womyeni wakhe awayewenza ebhedulula namehlo okungathi uyafa ngaloo mzuzu. Wakhawuleza uHotyazana watsala iindletyana zomyeni wakhe watsho wee thimbilili umyeni lolo ncedo lokuqala likaHotyazana. La mahobe akhawuleza angina kumcimbi aze ngawo, “kubonakala nakuthathatha ukuba noko ukungafumani bantwana kuyanikhathaza.” Bacebisa uNobubele nomyeni wakhe ukuba baye kudibana nogqirha owayehlala kufutshane nabo owabancedayo nabo ukuze bafumane abantwana. “Ndiyanazi ke nina bantu, kuthiwa niyakuthanda ukuthandabuza ngakumbi xa uncedo lungaveli kwabanye abantu abafana nani. Ukuba nithe namthandabuza lo gqirha, hleze amayeza kagqirha angasebenzi ukuba nithe nathandabuza.” Bavuya kakhulu ooNobubele bakuva ukuba ukhona ugqirha onokubanceda bafumane abantwana. Bacela indlela ooHotyazana sele bephiwe nengxowa yamazimba bemka besintsitheka bevuya kukubalulutho kubahlobo babo.

## **Esejari KaQqr. Nkawana**

Bavuka ngentseni ooNobubele balungiselela ukuya kuloo dolophu yabo wayefumaneka kuyo ugqirha. Bakhwela inqwelo yamashi banduluka kusempondo zankomo. Bagaleleka edolophini malunga nentsimbi yethoba. Baya kuloo ndawo kagqirha baxelelwa ngumabhalana ukuba balinde ukufika kukagqirha baza kubizwa. Balinda ngomonde kwelo gunjana lokulinda. Babekhona nabanye abantu ababelinde ugqirha nabo kwakwelo gumbi. Malunga nentsimbi yeshumi, wafika ugqirha babizwa abantu ngokokufika kwabo.

Lade lafika ixesha lokungena kukaNobubele nomyeni wakhe uThando. Hayi ke mntakabawo, uQqr. Nkawana ehambela phezulu, athi elapha abe epha, “phefumla, phefumla. Yithi aah...” etsho ngegqajolo lomsila. Baxilongwa ngugqirha wajonga wathi uza kubanika iipilisi ezinomxube webhanana, ubusi kunye neenozo ezithile... namayeza ekufuneka bawasele ngokomyalelo owawubhalwe kuwo. Wabayalela ugqirha ukuba bawasele bawagqibe baza kumfumana umntwana. Baphuma apho bevuya ziindaba ezimnandi zokuba baza kumfumana umntwana. Bangena edolophini bathenga izimuncumuncu bagoduka bevuya.

## **Ukuzalwa Kosana**

Ngenene, emva kweenyanga ezilithoba, uThando noNobubele balizwa ngomntwana oyintombazana. Ngelishwa, uNobubele zange alifumane ithuba lokukhulisa le ntambazanana kuba wathi nje akubeleka, suka wasutywa kukufa. Yayibuhlungu intliziyo kaThando kukushiywa ngumama wosana lwakhe ekuphela kwalo. Kweenziwa amalungiselelo omngcwabo, wangcwatywa uNobubele ngaloo nkonziso yayilusizi. Kwafuneka ukuba uThando afune umntu wokulugcina usana lwakhe. Wafumana uNomaza, udade boNobubele owayemdala kunoNobubele. UNomaza wayenabantwana abangamantombazana ababini omnye eneminyaka elishumi, omnye eneminyaka emihlanu. Wavuya uThando kukufumana umntu ozalanayo nomkakhe okwaligazi lomkakhe. Wabonakalisa ububele obukhulu uNomaza, noThanda waziva exolile.

Lwaluluhle ke usana lukaNobubele lunezidlele ezikhulu ezinezinxonxo ezivothokayo xa luncuma. Lwalutsho ngaloo mehlo mahle ngathi ngama-apile agolide. Lwalunezandlana ezimhlophe ezincinci. Lwalusithi xa lukhala lube ngathi luyacula. Ngaminazana ithile, lwalulele usana kwibhedana yalo encinci uninakazi engekho. Kwafika iinyosi zihamba zicula ingoma emnandi. Lwamamela usana luyivela kudana le ngoma kuba kaloku lwalulele. Lwavula amehlo alo. Nazo iinyosi “...Bbbzzz bbbzz...” zicula zijikeleza usana. Lwancuma usana lwaphakamisa isandla lubulisa iinyosi ezo zazicula. Zancuma iinyosi zakubona ezo zinxonxo

kwezo zidlelana zintle zolo sana. Zasondela kulo zimana ukuluncamisa kwezo zidlelana zalo zintle. Lwagigitheka usana luvuya. Zamana ukuya iinyosi nganye nganye ukuya kubulisa usana ziluncamise. Zakhupha isitya zagalelela usana ubusi obumnandi. Lwavuya usana lwabulela lwacela ukuba zize zinganqabi iinyosi kuba sele zingabahlobo kulo. Zavuma iinyosi zacela indlela zisithi zileqa emsebenzini liphelile ixesha lazo ledinala. Zacula okokugqibela iinyosi zidanisa kamnandi. Emva kokudanisa zahamba iinyosi zabuyela emsebenzini zichwayitile.

Ngelo xesha, umakazi wolu sana uNomaza, intokazi eyayimnyamana, imfutshane, wawungacinga ukuba sisigaqa esithile xa umbonela kude. Ubuhle yayingabuphiwanga ncam, sele encumile, kwakuvula loo mazinyo axineneyo ngokungathi lowo wayewafaka wawalahla nje engajonganga.

Wabuya uNomaza egadini wafika usana luncumencumeza lusitya ubusi. Lwalundumzela ngelo lizwi lincinane loo ngoma lwaluyiculelwe ziinyosi. Walujonga uNomaza wanikina intloko. Wayeyifihla inzondo awaye enayo kolo sana lwaluluhle ngenyani. Lwalungumfanekiso kanina walo. Zange luhoye usana lwaqhubeka nokutya ubusi obo. Walujonga kwakhona uNomaza usana ngamehlo agcwele intiyo. Wacinga icebo lokuphelisa olo lonwabo lwalubhalwe ebusweni bolo sana. Wathatha incindi yekhala wayigalela kweso sitya sasinobusi. Lwathi xa luphinda lusikha usana lufaka emlonyeni lweva ubukrakra. Lwantlimpinika usana lwakuva obunjalo ubukrakra. Lwakhala kakhulu lwavula umlomo luzama ukukhupha obo busi babukrakra. Lwacela uninakazi ukuba aluphe amanzi, suke walujonga nje akaphendula. Lwavuzisa izinkcwe usana kwamanzi nezo mpahla zalo zintle lwaluzinxibile. Lwajweda ukukhala oku usana lucela uncedo. “Oh petuna, iyacula intana nze, izacula nebhendi nze” watsho uNomaza evulela phezulu unomathotholo ukuze singavakali isikhalo sosana. Babedanisa abantwana bakhe besenza ivosho. Wagalelela abantwana bakhe amasi akalupha usana. Lwakhala usana kwade kwatsha ilizwi.

### **Usana ezingcolweni**

Wavuka ekuseni uNomaza waqokeza elungiselela uThando isidlo sakusasa. Wathi ukugqiba kwakhe ukutya uThando waya emasimini. Wathi uNomaza akubona ukuba umkile uThando wathatha ingubo wasongela usana wankcunkca ukuya ngasemlanjeni. “Namhlanje uza kufunda ukuqhuba isikhephe, uza kundiza emanzini. Mhlawumbi ngenye iminni uya kuba ngumlawuli weenqanawe ezinkulu.” Watsho eteketisa uNomaza. Wafika wabhekabheka ukuba akukho mntu umbonayo na. Wathi akungaboni mntu walubeka apho ezingcongolweni, “ukrelekrele umntana kamakazi yho! Uyakwazi nokulawula isikhephe, iyho-yho! Bhabhayi *ntana*, ubuye

xa ugqibile va?” Wabaleka wabuyela ebantwaneni bakhe. Lwalulele usana lungazazi nokuba lubekwe endle. Emva kweeyure ezintathu lulele apho, lothuka lwakhala kuba lulambile. Kwathi cwaka akwabikho mntu uzayo ukuza kulupha ukutya. Lwavuma ingoma usana ngelizama ukufumana uncedo.

*“Mna ndashiywa ngumama, mna ndashiywa ngumama.*

*Andinamama, andinamama. Ncedani bo, ncedani bo”.*

“Khanimeni maselendini, niyayiva le ngoma itshoyo?” Kwabuza isele kwamanye amasele awayelungiselela ukhuphiswano lokudada.

“Hayi akukho ngoma apha qha inokuba wena udinwe kukudada.” Laphendula elinye lithe naa imilenzana lidadela phambili.

*“Mna ndashiywa ngumama, mna ndashiywa ngumama.*

*Andinamama, andinamama. Ncedani bo, ncedani bo.”* Iphinde yavakala ingoma isitsho.

“maselendini, niyayiva le ngoma itshoyo?” Liphinde labuza isele kubahlobo balo.

Emazantsi omlambo uNobikhwe wayexakekile ezama ukuzixhoma ngentambo. Wothuswa kukuva eso sikhalo sosan. Wabhuduzela ezama ukukhulula elo qhina wayesele elifaka entanyeni. Wayedunjelwe bubuso kukulila amehlo etshonile okungathi udliwe ngonomeva. Wathi xa ezama ukukhwaza, watshothozelisa ilizwi lingaphumi. Koko kubhuzuzela wayekwenza ezama ukukhulula iqhina, waya kuwa wabetheka elityeni ngobuso waphuma ingongoma ngoko nangoko. Laba likhulu ibunzi ngephanyazo lawogquma amehlo ebehleli ecuthekile kukudumba kobuso. Waphakama wabhekabheka ezama ukuva ukuba isikhalo siphuma kweliphi na icala. Sasingasavakali isikhalo sosana. Wachopha elityeni wazibuka kuloo manzi. Wothuswa kukubona obo buso babudumbe bungajongeki. Waphakama wasimbela isinqe ebaleka loo mntu ambone emanzini. Waleka engaphumli ukusinga amazantsi omlambo. Wayebetheka emithini yimbi imkrwela, wayengeva zintlungu zangaphandle eyona ntlungu yakhe yayisemphefumleni. Wathi xa ekufutshane nomlambo efuna ukuziphosa, wabona umnyazi odada emanzini ungade utshone. Wangena emanzini engakhululanga nezo mpahla. Wathi xa ekude kufuphi nosana weva uphaxaphaxa wamanzi umhlangabeza. Waphakamisa amehlo, nanko uxam ephaxuza ewuvule ng’ a umlomo.

“Mholo nkosikazi, ungaxhalabi wena ndizakunceda. Kudala ndikulindile ukuba uze kuluthatha usana lwakho.” Watsho uxam esondela kuloo mnyazi wawudada emanzini. “Ndiyabulela kakhulu sihlobo sam.” Watsho uNobikhwe engangcazelisa ilizwi, eginya kaninzi. “Utheni

nkosikazi ingathi unxunguphele nje, ulinyazwe yintoni? Yiza ndikumasaje ubuso andizukuhlawulisa.” Watsho uxam sele emthi bimbilili uNobikhwe. Wadada uxam waya kufika kwilizwe eliluhlaza elinezitalato zikhazimlayo. Wahlangatyezwa ngamantombazana anamehlo amancinci nemilenze emifutshane. Ayenxibe iilokhwe ezmfutshane ezimhlophe. Wangeniswa kwigumbi elinebhedi ezondlulwe ngamashiti amhlophe. Kwakukho iqela lomculo elalidlala uhadi, umrhubhe, imarimba, amagubu, ipiyano, amaxilongo. Babedlala ngendlela ethozamisa umphefumlo. Phakathi kwakhe nabo kwakukho isihluzo esikhulu sokuhluzela loo mculo wawusenziwa zezo zixhobo ukuze ufike kuye uyinto enye edibeneyo. Wawuhluzekile ke loo mculo undindene ungenakutsho ukuba kudibene izixhobo ezininzi ngolo hlobo. Walaliswa kwenye yezo bhedi uNobikhwe. Elinye igqiyazana laye limkhulula zonke ezo mpahla wayezinxibile wasala ngesuti yesele. Kwangena ufafa olude lomfana onxibe iimpahla ezimhlophe. “Ungoyiki nkosikazi, andinabungozi ndilithenwa. Ngumsebenzi wam ukukolula imizimba edubekileyo, ngokukodwa emphefumlweni. Ndiyazi ukuba ubunqwenela ukufa ngenxa yobuhlungu bokungafumani bantwana. Ukuchukuluzwa ngumninawakazi wakho bekuyenza ibembi mpela imeko yakho. Ukumkani uzamile ukukuthuthuzela, kodwa amazwi akhe atsho kwintliziyo elihlwili.” Waphakamisa amehlo uNobikhwe wazama ukuphakama. Olo fafa lude lwambambazela uNobikhwe walala yoyi.

Wothuka sele umzimba wakhe udlamkile, ubuso bakhe babuthambile bugudile bungathi bobo sana. Wayezibuka phambi kwso sipili sasikho macala onke elo gumbi. Wayenxityiswe ilokhwe ende enomsila orhuqayo, iinwele zakhe zazolulwe kakuhle zatsho zayephuyephu ubude bazo bubetha emagxeni. Wayethwaliswe isithsaba segolide senkosazana. Wacimela ezama ukucinga ukuba inokuba uphi na. Wathi esamangaliswe bobo buhle kwangena intombazana ebonakala ngathi ikwiminyaka engamashumi amabini. Yafika yaguqa kuye yagobisa intloko, “Ndingakwenzela ntoni nkosazana yam entle?” Yatsho lontombi ijonge phantsi ingawaphakamisanga amehlo idlala ngezandla. “Ndiphi apha? Ingaba ndisephupheni okanye ndiseZulwini?” Watsho uNobikhwe engaqinisekanga nokuba makavuye na okanye alile. Wayeziva edlamke okungathi uzelve ngokutsha. Wayengasakhumbuli nokuba wayede wafa na ngokuya wayezama ukuzibulala. “Ukwilizwe lokuvuya nokuthuthuzelwa. Ulile kakhulu kwilizwe lakho lokuzalwa iintlungu zomphefumlo zikuxikixa zingakuphi sithuba.” Kwaphendula umfo owayengazange ambone naxa engena kweloo gumbi. Wayemde enerhwanqa, enxibe impahla engaqhelekanga kodwa ebonakalayo ukuba yeyomntu omkhulu. Ingubo ende emhlophe erhuqa phantsi yayimenza angabonakali ezinyaweni. Ngaphezulu yelekwe ngomxwayo ogolide, entloko enesithsaba segolide esikhulu kuneso wasithwalisiwe yena. Ilizwi lakhe lalizele luthando lingathi liyamnyumbaza ngendlela emnandi. Wathi guqaqa

ngamadolo phantsi uNobikhwe, wazogquma ubuso. “Phakama ntombazana yam encinci, andizelanga kukoyikisa, ndizokwamkela, wamkelekile ekhaya.” Watsho loo mfo wayemhle ngokungaqhelekanga. Wamolulela isandla, waphakama uNobikhwe wabambeleva ngesosandla. Wathi xa ezijonga kweso sipili wabona intombi encinane ekhangeleka ineminyaka elishumi elinethoba. Wakhe wawavala amehlo, wabuye wawavula. Wayeyikhumbula kakuhle loo ntwezana yayimi phambi kwakhe. Ewe, yayinguNobikhwe ngokuya wayeseyintombi. Waphinda waphakamisa amehlo eqwalasela loo mfo wayemi phambi kwakhe. Akazange ade amazi ukuba umazelaphi na kanene.

“Ntombi yam encinci, isikhalo sakho seminyaka sivakele kwaye ukuxhwaleka kwakho kundibangele ukuba ndithumele isicaka sam ukuba siye kukulanda. Ukukubona ulila ngala ndlela ubulila ngayo imihla ngemihla kuyichukumisile intliziyo yam ndaziva ndingenakwenza ngandlela yimbi ngaphandle kokulanda emhlabeni ubuye ndizokuthuzela ngokwam.” Zathi waxa iinyembezi emehlweni kaNobikhwe zawela kweso sandla sasizikhongozele. Wabona iinyembezi zifika esandleni zibe ngumbhalo ofundekayo othetha loo nto aliliswa yiyo. Walila kakhulu uNobikhwe akubona loo mmangaliso. Wambamba ngesandla wamsondeza esifubeni sakhe. Zazingathi zivulelwe iinyembezi zakhe uNobikhwe. Zazifika zibhale yonke intlungu awayeyiphile ukusukela ebuntwaneni bakhe ukuya kutsho kubomi awayebuphile emzini. Zabhaleka kwaphuma incwadi enamaphepha alikhulu. Emva koko kulila waziva egcwaliswa luxolo, uvuyo olwamenza wahleka. Zaphinda zaphuma iinyembezi zafika zabhala kwakhona kodwa zabhala ubumnandi awayebuva naloo ntsini wayeyihleka yayibhaleka kweso sandla zaziwela kuso.

## UVETHANDA

“Mninawa, ndiza kukhe ndiye kukhangela umfazi kweza lali zingaphesheya phaya. Nceda ke mninawa ujonge ikhaya eli nemfuyo. Ndidiniwe kukusoloko ndihlekwa ziintombi zale lali zindibabaza ububi. Ndithi ndisazithethelela suke intombi indiheshe ithi ndiza kuyiphuphisa kakubi. Ndingxoliswe olo hlobo na mninawa? Bayaliwa yimbarh’ ethengelayo, ndakugqiba ukubenzela inceba yokubanyusela. Zidudelwe nokududelwa kunjalonje.” Watsho uVethanda ejalile ebusweni efinye iintshiya. Wakhulula i-ovalolo yakhe wanxiba idangari nehemphe emsobo ishwabene injalo. Wakhulula amaquza akhe ezihlangu wanxiba igambhutsi zakhe ezimhlophe. Waya eziko wakha uthuthu walola amazinyo akhe. Wajikela emva kwendlu wafika wema phezu kwedama lamanzi wazibuka. Inwele zakhe zazingamaqiqisholo angakanywanga. Wangena endlwini wathatha ikama wabuyela kweloo dama wema wazibuka ekama inwele zakhe. Wathatha intonga yakhe wangena endleleni. Wagxanyaza ngaloo milenze yakhe mide ngenene okungathi ubala ii-ankile. Wakhawuleza waya kutshonela ezibukweni.

Amanzi ayemdaka ephuphumela ngaphandle kudada izikhuni ngaphezu kwamanzi. Kwakungabonakali ndawo yakuwela. Wayesabeke isandla emlonyeni emangalisiwe, weva ilizwi elincinane lisithi, “Uyaphi na Vethanda mhlobo wam?” Wakhawuleza wajonga ngasekhohlo apho laliphuma khona ilizwi. Amehlo akhe angqamana nawesele lichophe phezu kwelitye liwakhuphe azingqanda amehlo, isifuba sisihla sinyuka. “Ndiya ebukhweni phesheya komlambo.” Waphendula uVethanda esondela emanzini.

“Hayi mhlobo wam ungazami ukuwela kula manzi anobungozi xa enje. Yiza kum ndikuncede ndikuweze, uze ke wena undenze umhlobo wakho osenyongweni. Latsho lisondele kuVethanda lingalindelanga nokuva impendulo. “Beleka apha kum emqolo mhlobo wam, siye ebukhweni.” Latsho sele limi phambi kwakhe. Walijonga elo sele uVethanda ngaloo mehlo abomvu eloyikisa. Suka lazivuthela isele, lalikhulu, laphinda lazivuthela. Wathi ng’ a umlomo uVethanda emangaliswe bobo bukhulu beloo sele ngephanyazo. Wathi xa ephakamisa umlenze wasekhohlo kuba ezakukhwela, wakruneka edolweni kabuhlungu wancwina. Wagoba ezama ukuluphulula, suke kwakruneka nowasekunene, weva isandi esinqeni isinqe siqhokreka. Wapenapena engasazazi ukuba makathini.

Waphakamisa amehlo labe isele limjonge ngoncumo, limqobela iliso, suke avaleka omabini amehlo esele libhidwa kukuqoba iliso. Wagigitheka uVethanda wavuleka umlomo wakhe wee nkenye ezo zimanyhula zakhe zimuncu. Lavula amehlo ngokukhawuleza isele laxhuma umtsi wamnye lasondela kuVethanda. “Uvezelwe ni na Vethanda wahleka kangaka? Lo nto

ukhamise kakhulu intliziyo izakugodola, vala umlomo ungabe uzibhidliza apha utsho ngezimanyhula ngathi lisango laboni.” Latsho isele lidikiwe loo maqhakuva alo engathi ampontshiwe ubukhulu obu. Wavala umlomo uVethanda akugqiba wajingxela esiya kuloo mhlobo wakhe wayemphoxa. Lakhomba emqolo kulo isele, zange aphendule uVethanda waqabela phezu kwaloo mqolo wawusele umkhulu ngathi ngowengwenya. Lathi lwatyu isele kabini kathathu phezu kwamanzi labe sele lifikile ngaphesheya. Bathi bakufika ngaphesheya komlambo wehlika uVethanda emqolweni wesele. Lakhamisa isele, kwaphuma loo moya wawuligcwalisile laswama ngephanyazo labuyela kula mzinjana walo wangaphambili. Wazolula uVethanda kwavakala ukrunqurunqu wokoluleka kwesinqe namadolo zazingasavakali iintlungu. Wathi xa esusa unyawo lokuqala, lavakala isele lithi, “Kanjalo nje Vethanda, umkhomb’ ubhembesile apha kuwe hi? Ukusukela namhlanje singabahlobo abasenyongweni besivumelene, akunjalo?” Latsho isele lixhuma lingena epokothweni yehempe. Wawakhupa azingqanda uVethanda othuswe koko kutshintsha komhlobo wakhe ngokukhawuleza. Wathi engekaphenduli laphinda lamkhumbuza isele, “Masambe singashiywa lixesha lo mcimbi siwuhambelayo ufuna siwutshaye usaqhuma.” Latsho isele likrobe kuloo pokotho lalingene kuyo.

Wagxanyaza uVethanda ukulandela indledlana eyayisiya ngasekhohlo. Wabonela mgama iinkawu zidlala emthini. Zathi ukuba zimbone zehla ngokukhawuleza zamhlangabeza zikhwaza, “Mholo Vethanda, uya ngaphi na mhlobo?” Latsho iqhajazana lenkawu elalikhokele ezinye. “Ndiya ebukhweni.” Waphendula uVethanda. Uthe esathetha njalo waxhuma ebambe esifubeni, wathi ng’ a umlomo ngelizama ukuthetha, “siya ebukhweni, siya ebukhweni mna nomhlobo wam.” Uthe engekagqibi ukuthetha laphuma isele lachopha kuye egxalabeni, “Mholweni zihlotyana, siya ebukhweni” Latsho isele liqoba iliso liwuvule ng’ a umlomo walo.

“Xa kunjalo ke masikukhapse kuba le ndlela yaziwa sithi, anonakulunga ukuhamba nodwa. Shiyekani nina nkosikazi.” Yatsho inkawu ijonge kwinkosikazi yayo. Yasondela inkosikazi yenkawu yanga umyeni wayo, “Nihambe kakuhle tatabo, sizakukhumbula, uncede ubuye kwamsinya.” Yatsho loo nkosikazi kankawu incumele umyeni wayo. “Sizamela wena Vethanda mhobo wethu, usemtsha wena kwezi zinto zothando awazi nto tu. Thina ke singamagqala mfondini, ndiza kufundisa ukuthanda inkosikazi yakho.” Yatsho le nkawu itsala inkosikazi yayo ebisele ihamba, zangana kwakhona iinkawu. Wayekhamisile uVethanda ebukele evule umlomo, zazehlela izinkcwe. Wothuswa ngumhobo wakhe ngokumvuthela emlonyeni, “Sukuwuvula kangaka umlomo intliziyo izakugodola.” Laqhula latsho isele.

Bahamba bobathathu inkawu ikhokhele phambili. Yayimana ikhwela kuloo mithi yayisecaleni kwendlela ikhe iziqhamo iziphose kuVethanda azigange. Bahamba latshona ilanga besekude nemizi. Babonela mgama isibane esikhanyisileyo. Bahamba ngokungxama befuna ukude bafike apho kuloo mzi wawukhanyisile. Bafike babona isango elivuliweyo, bangena. Batsalwe livumba elimnandi lokutya. Bangena ngaphakathi endlwini bafika kungekho mntu kodwa ukutya kukhona ezimbizeni kuqhuma bubushushu. Ayekhala amathumbu kaVethanda. Wangena kumagumbi onke aloo ndlu engade abone mntu. Wajonga naphantsi kwebhedi kodwa akabona mntu. Waphuma phandle kobo bumnyama ekhwaza, “Baphi na abantu balapha?” Weva ilizwi lisithi, “Baphi na abantu balapha?” Wajikela emva kwendlu ekhangela loo mntu wayemva ekhwaza. Ngokuye ekhwaza laliye limlinganisa ilizwi.

Wade wancama wabuyela ngaphakathi kuloo ndlu wayefike inokutya. Wathatha izitya waphakela yena nabahlobo bakhe batya. Bathe besatya weva ingonyana isitsholo kufutshane nendlu. Kwamothusa ukuva loo ngonyana ilizwi lomntu owaye evuma lalifana nelika nina owayesele eneminyaka wemkayo esithi uya kubona abantu bakowabo. Batya bade bagqiba lingayekanga ilizwi. Waqokelela izitya uVethanda waya kuzihlamba kwisitya esasisikhulu sinamanzi ashushu anogwebu lwesepha yezitya. Wade wagqiba ukuhlamba izitya kungade kungene mntu kodwa yona ingoma isatsho kamnandi kufutshane nendlu. Latshintsha ilizwi lacula ngoma yimbi eyayimozelisa ngokusisimanga. Elo lizwi lalacula lamkhumbuza imihla yokukhula kwakhe nomntakwabo. Wajonga emnyango kodwa akwade kungene mntu. Waye sele ehebhuza bubuthongo uVethanda nakukudinwa, emana ukunqwaleka ngentloko, amehlo ewavale mba, izinkcwe zizehlela umlomo uthe ng’ a. Lasondela kuye emlonyeni isele lamvuthela zoma nko ezo zinkcwe. Wothuka uVethanda waya kuhlaba ngentloko phantsi. Wazama ukuphakamisa intloko inesiyezi, kujikeleza yonke into eyayikuloo ndlu. Wabonela kude intombi enemilebe emngqindilili, eqatywe mnyama okungathi iqatywe intshongo. Yayibetha ngesuti yesele, inemilenze empuluswa, amehlo ayo emakhulu. Yasondela kuye, yambamba ngesandla yamphakamisa yamsondeza kuyo, yamanga. Yamkhulula impahla impahla nganye nganye wada wasala eze njengayo. Yambamba intombazana yamsebezela ezindlebeni, wagigitheka uVethanda emana ukusebeza naye.

Yamthi chu ngengalo intombazana yaya kungena naye kwigumbi elinezibane ecaleni kwebhedi. Ibhedi yayondlunlwe ngamashithi amhlophe. Yaphinda yasondela kuye ezindlebeni intombazana yamsebezela kwakhona. Wagigitheka kwakhona uVethanda wayokuwa ngomqolo kuloo bhedi yawa phezu kwakhe intombazana. Ekuseni uve into emqhwethayo emagxeni. Wavula amehlo akabona nto kodwa wabona itafile enokutya kwakusasa kusaqhuma kunjalonje. Wosula iintongo ngezandla zozibini emana ukutyikitya amehlo. Wacimela wabuya

wawavula amehlo. Waphakama kuloo bhedi yayinamashithi amhlophe, waziqwalasela wafika umzimba wakhe uze. Wajonga ecaleni kwebhedi kwakukho isitya esinamanzi anogwebu lwesepha yokuhlamba izitya, ecaleni kwaso kukho itawuli emhlophe engenkulu kuyaphi. Wasondela kuyo wahlamba izandla nobuso kweso sitya wosula ngaloo tawuli yayibekwe apho. Wantswayiza waya kuthabatha ibhulukhwe yakhe ezantsi kwebhedi. Yayisongwe kakuhle nehemphe yakhe yayibekwe apho ihlanjiwe yaza yolulwa kakuhle. Ivumba lesoseji lamtsala akabisanxiba wangqala ekutyeni entswayiza enjalo. Waqala ngesoseji wayingxala emlonyeni wagcwala qhu umlomo waxakwa kukuyihlafuna. Wayikhupha emlonyeni wayibuyisela esityeni waphinda waqala phantsi ukuyiluma kancinane. Wayelaqaza uvalo lubetha ngamandla. Weva amanwele esithi hlathuhlathu. Wahlafuna ngokukhawuleza ezama ukubimbiliza loo soseji yayisemlonyeni. Yaphinda yatsho ingoma yezolo isitsholo kufutshane.

*“Wamkelekile sthandwa, wamkelekile sthandwa sam.*

*Kudala ndikulindile sthandwa sam, ufikile ekhaya sthandwa sam.”*

Yatsho ingoma kufutshane nendlebe yakhe yasekunene. Wayeka ukuhlafuna wakhe wamamela, umlomo usagcwele umthamo. Wancuma, wavuleka umlomo, wagigitheka uVethanda naloo mthamo wawugcwalise umlomo. Wabimbiliza loo mthamo engakhange abesawuhlafunisisa. Wagigitheka phuhlileyo uVethanda engakwazi ukuzibamba. Wawungcangcazela umzimba wonke ehleka okungathi kukho umntu omnyumbazayo. Wothuswa kweloo theko wayezidlela lona kukutsiba kwesele lathi gxumpu kuloo jagi yayinesiselo. Weva ugwantyagwantya Phakathi ejagini. “Yhu, ndiphantse ndafa lunxano.” Latsho isele litsiba ukuphuma kuloo jagi lathi lakantyu umtsi wamnye laya kuthi thaca phakathi esityeni sikaVethanda. Wathabatha iqanda wafaka emlonyeni lawutsho wagcwala umlomo wakhe. Wahlafuna ngokukhawuleza ejonge esityeni eso. Yangena inkawu iphethe ibhanana evuliweyo ihamba ihlafuna. Yasondela esityeni nayo yabeka eloo xolo lebhanana kwalapho esityeni.

Wavula umlomo uVethanda kwathi momfu loo mthamo wokutya wawugcwalise umlomo. “Vala umlomo Vethanda, zange ufundiswe ukuba awuvulwa umlomo usitya?” Latsho isele lithe gqa amehlo limjongele kufutshane. Watsarhwa uVethanda xa kanye ezama ukuphendula isele. Wayebhedulula amehlo ekhohlela engayeki, emana ukukhomba ijagi. Lazityela itheko isele nenkawu kokokutya kukaVethanda lingamnanzanga. Watsarhwa wade waphuma iinyembezi emehlweni, kwaphuma oko kutya kwawela esityeni eso. Latsiba isele umtsi wamnye labuyela ejagini. Yavula iimpumlo inkawu isonyanya loo mthamo wawuwele koko

kutya babekutya. Yatsiba owenkawu inkawu ukuya kuphuma ngomnyango bemshiya apho uVethanda ebhedulula amehlo.

## USABELO NONOMALIZO

“Kowu hotyazana lam, itsho kamnandi le mpepho yale njikalanga.” Utshilo uSabelo ejonge inkosikazi yakhe uNomalizo.

“Itsho uphinde tata ingase ndihlale kulo Mthunzi ndingenzi kwanto. Ntonje imisetyenzana yam ndifuna ukuyigqiba ngokukhawuleza.”

“Khawuze kuphumla kancinci qunube lam apha ecaleni kwam.” Utshilo uSabelo ekekelise loo ntloko yakhe ngelicengayo.

“Ukuba nje besele ndigqibile ukucoca la magumbi eendwendwe bendiya kuza kuphumla nawe thanga lam elimkhuma. Kaloku kula magumbi endwendwe andifuni sandla samncedisi ndikholwa kukuqiniseka ukuba yonke into iyazanelisa iindwendwe zethu. Ngubani owaziyo, mhlawumbi singazibona sele sifikelwa ziingelosi.” Ebevontshiza uNomalizo kwezo zindlu zakhe zaziliqela etsho ngeso siqana sakhe sasingawulingananga loo mzimba wakhe wawumkhulu ezantsi kwesinqe unciphile ngasentla. Unwele lwakhe lwalulude okungathi yintombi yeNdiya. Ezo nwele zakhe zazibetha emagxeni ziyephuyephu okobulembu bombona omtsha. Wayesithi xa ehamba kweloo bala lomzi wakhe unge umhlaba uyanqwala kukubetha kuhle konyawo lwakhe.

“Ndiyakuva vatala yam. Ndikuncedise phi mna kulo msebenzi wakho?” Ubuzile uSabelo sele emi ngeenyawo.

“Hayi wethu myenam, phumla wena akukho nto ingako kukuphathaphatha ezo ndawana zidinga isandla sam. Ndithanda ukuba iindwendwe zethu zizive zisekhaya xa zilapha.” Utshilo uNomalizo encumile.

“Undenzela isazela ntandane yam xa ungaziphi thuba ngolu hlobo. Uyakudinga ukuphumla sinabo abantu bokusincedisa kunjalonje bakhuthele. Ndiyakwazi Mthunzi wam ukuba awufuni bazibone njengamakhoboka abancedisi bethu.” Utshilo uSabelo sele embambe ngesandla emqwalasele ebusweni.

“Xa ndisebenza, ingqondo yam iyazilibala izinto ezindivisa ubuhlungu. Kuza kude kube nini ndingade nditeketise owam umntwana? Uyazi ukuba xa ndibona abantwana noonina babo ibangathi bayandiqhayisela? Ndiyazi ukuba akunjalo kodwa ndiye ndive kabuhlungu.” Utshilo uNomalizo sele ziqengqeleka iinyembezi.

“Ngxe kubetha kwentliziyo yam, ngxe lonwabo lwam. Ndicela intliziyo yakho ingakhathazeki.” Ucenge watsho uSabelo sele ephulula ezo nwele zinde zenkosikazi yakhe.

Esi sibini sasingenabo abantwana. Sasizixolisa ngokwenzela ububele bonke abantu abagqithayo. Yayiyintlungu kakhulu kuNomalizo into yokungabinabantwana.

### **Ilizwi eliphilisayo**

Ngaminazana ithile, uNomalizo esipha iintaka amazimba njengesiqhelo suka weva ilizwi lisithi, “Nomalizo, ntomb’ eyimvuzemvuze bububele.”

Yawa phantsi loo ngobozana yayinamazimba wayeyiphethe, athi saa phantsi loo mazimba. Zangungelana iintaka ukuya kuloo ndawo ayechitheke amaninzi kuyo. Wajika uNomalizo wajonga kweloo cala lalisitsho ngakhona ilizwi.

“Musa ukothuka kaloku mvuzemvuze yoluntu.” Latsho ilizwi engekabonakali umninilo.

Walaqaza uNomalizo ekhangela umnini lizwi. Wangancangazelisa ilizwi kukothuka,

“Andoyiki... uphi Mhlekazi? Ndingwenela ukuthetha nawe ndikubona ubuso ngobuso.”

“Ayikabi loxesha lokukubonisa ukuba ndingubani eli kodwa liza kufika ithuba lokuba undibone. Isikhalo sakho semihla ngemihla sokungafumani bantwana sivakele, uza kubafumana abantwana.” Liphinde latsho ilizwi lomntu.

Ebesele egaqe ngamadolo uNomalizo wangancangazelisa ilizwi kwakhona,

“Ndiyabulela lizwi eliphilisayo.” Watsho uNomalizo esagaqe ngamadolo njalo. Kwavakala isandi somoya odlula apho ngakuye kunjalonje wawuva ukuba udlula neloo lizwi wayeliva. Wacimela uNomalizo engafuni kujonga. Wayengancangazela imilebe ishukuma ngokungathi uyathetha. Kwakungekho mazwi aphumayo emlonyeni ngaphandle kwaloo ntshukumo yayisenziwa yimilebe yakhe. Weva ilizwi lomyeni wakhe limkhwazela kufutshane naloo ndawo wayeguqe kuyo.

“Tumato yam, ukweliphi icala? Ndikuphathele amaqunube asendle, kanye la uwathandayo amnyama.” Ayetyebe etelezela lo maqunube amnyama okungathi sisiphingo. Wavula amehlo kancinci uNomalizo wawasula ngezandla zozibini. Waasondela kuye uSabelo wabeka loo mnyazana wawunamaqunube phantsi.

“Yiza qunube lam, yiza kum. Kutheni ingathi uyalila nje, kukho nto ikukhathazileyo? Kwenzeke ntoni amazimba abubusaza, uwile?” Wayesele egaqe ecaleni kwenkosikazi yakhe. Zawela esifubeni sikaNomalizo iinyembezi zikaSabelo. Wamanga ixesha elide, elo flerho linye leentshebe zakhe lalimanzi toxo. Bangana ixesha elide kungekho uthethayo. Iinyembezi zabo

zazisiwa ngokungathi kuwa amaqabaza amakhulu emvula. Kuloo ndawo babeguqe kuyo bothuswa lilizwi lisithi,

“Isikhalo senu sivakele, niza kubafumana abantwana. Nize nihlale nithandana ngale ndlela nithandana ngayo, ngokwenza njalo niya kufumana abantwana abaninzi.” Latsholo kufutshane ilizwi kodwa engabonakali umnikazi walo.

Babhekabheka ngaxeshanye uSabelo nowakwakhe. Zange babone mntu kodwa beva umoya obabetha ebusweni ngendlela emnandi. Ngephanyazo, zoma nko iinyemembezi emehlweni abo, yoma intshebe kaSabelo, koma nezo zifuba zabo zazisele zimanzi.

Tyhini, ngesiqophe bahleka ngexesha elinye bagigitheka okungathi kukho umntu obanyumbazayo. Waphakama uNomalizo esahleka engcangcazela umzimba wonke. Wahleka akayeka de waya kungena endlwini esahleka. Wakhupha iimpahla ezntle awayesandula kuzithenga wazifaka kwizingxotyana ezintlanu. Isiqhuma ngasinye sasineepere ezimbini zezihlangu. Wayengekayeki ukuhleka ngalo lonke eli xesha. Wabiza abancedisi bakhe bobahlanu. Wayengakwazi ukuthetha kodwa izandla zakhe zazibakhweba ngabanye ngabanye. Wayehleka ngendlela eyonwabisayo komameleyo.

### **Ingoma kaNomalizo.**

“Ncomeka, Ndyebokazi, Thembisa, Ncumisa, nawe Nontombi, enkosi kakhulu ngoncedo lwenu eniye nasinceda ngalo. Nisebenze ngokuzinikela iminyaka emithandathu, namhlanje ndiyabulela kuni. Ndiza kuninika intlawulo yeminyaka emithathu ukuze nikwazi ukuziqalela ubomi. Ndinifundisile ukushishina, nantoni enixakayo endleleni nihlale nisazi ukuba umyeni wam nam siya kuhlala sizivulile izandla ukuze sibe luncedo kuni.” Wayencume okungathi uzelwe ngokutsha uNomalizo.

“Sisi, unyanisile?” Wabuza uNdyebokazi iinyembezi zicengceleza ukuhla ngezidlele.

*“Ndiphendulwe, nam ndiyimpendulo...ndiphendulwe, nam ndiyimpendulo.*

*Ukuphendulwa kukwenz’ ubeyimpendulo, ukuphendulwa kukwenz’ ubeyimpendulo.*

*Hayiyo ukuphendulwa kukwenz’ ubeyimpendulo, hayohayo ndiphendulwe, nam ndiyimpendulo.”*

Wacula uNomalizo engqisha egqiba indlu yonke izandla eziphakamisele phezulu. Kungenelele abancedisi bakhe belandela ngendlela emnandi. Kungene uSabelo watsibela ipiyano wayinyumbaza yatsho ngaloo ndyondyo imnandi idlwengula umxhelo. Kwangena uNkebeza

ephefumlela phezulu, ebaleka amanzi ebusweni. Loo hempe wayeyinxibile yayimanzi emakhwapheni nasemqolo. Wayesehla esenyuka uNkebeza engqisha ngomlenze omnye ukulandela ingoma leyo. Wayebetha ikhwelo abuye ombele yilozayo imincili yayimphethe. Emnyango izinja zasisenza eyazo nazo zivuya zikhonkotha, ziphathe kubaleka zileqana, zibuye zenze umkhulungwane. Latshona elaloo mini ilanga kuyimincili yodwa kwaSabelo. Bonke abalusi ababesele bebadala banikwa iinkomo, iibhokhwe, iigusha, iidonki, iihagu, amahashe, kunye nembewu baze bakhululwa nabo. Kwalalwa kuyimincili kwaSabelo. Babevuya kakhulu abelusi abadala bakwaSabelo zezo zinwe babezenzelwe nguSabelo. Oko kuphendulwa kukaSabelo kwamkhubekisa kakhulu uSonkwenkwe owayefike kuqala kunabanye abasebenzi. Wayenamashumi amathathu anesihlanu esebenzela uSabelo. Wayefike wasebenzela abazali bakaSabelo ngaphambili.

Bavuka ezinzulwini zobusuku ooSankwenkwe namakhosikazi akhe omahlanu. Bavusa abantwana babo, nezinja zabo, nemfuyo yonke kaSabelo. Imfuduko yabo yayibonakala ukuba kudala bayicwangcisa. USonkwenkwe wathi phambi kokuba banduluke wema esizikithini sebala wathetha wenjenje,

“Mhlaba omkhulu nezindlu ezikuwo, zintlanti, nani madama amanzi hambani niyokuma phesheya komlambo omkhulu. Mhlatyana omncinane, nkqantosi endayishiyelwa ngabazali bam, zingxondorha zangasekhaya, mzana wam endawushiyelwa ngabazali bam, tshintshana nalo mhlaba nako konke okukuwo. Wona mawuye kuma apho ikhaya lam limi khona, ikhaya lam lize kuma apha libe likhaya likaSabelo nomkakhe. Ndlwana yam encinane yokulala, funquka uze kuma apha kule ndawo ibinalo mzi kaSabelo.” Zasuka iintlanti, amadama amanzi, loo mhlaba wawumkhulu kaSabelo, wathi thwasu waphakama wahamba nezindlu nayo yonke into ebingaphakathi ezindlwini. Endleleni kwakulayite izibane zakwaSabelo njengoko umhlaba, izindlu zazikhokele nako konke okwakukuzo.

## **Kuyagwetywa**

“Mama, mama, yizobona kuyagwetywa. Iinkomo ziyabhabha.” Wagibiseleka emnyango uNana ewakhuphe azingqanda amehlo. Wayeguqe elityeni lokusila uNomayini unina ka Nana ebile xhopho kuthe saa iinkozo zombona ezazitaka koko kusila wayekwenza. Waphakamisa amehlo uNomayini, “Uthi kutheni na Nana?” Wabuza unina esosula ukubila ngesandla sasekunene aphose ecaleni loo mbilo wakhe. “Iinkomo... mama zi...yabhabha.” Wathintitha watsho uNana ekhomba ngenqindi phezulu ethetha ephuma ngomnyango. Wathi thwasu unina ematshekile waphuma phandle engakhange abesavala nolo cango lwangezantsi. Wathi nje ukuba athi jaju phandle yangena imazi yehagu namantshontsho ayo yazenzela kuloo mgubo wawusesithebeni, naloo mbona wawusele. Zazingxola iihagu zivunduzo naloo mithwane yayisengobozini naloo mabolosa ayekwalapho. Zachiha loo manzi ayeseemphandeni kwayiloo nto ngephanyazo.

“Yehe, yehe... ngumgwebo, ngumgwebo. Kanti la magqobhoka ayesithi kuzakugwetya ayenyanisile? Yhini Bawo ndingekaguquki? Ndiyaguquka Nkosi ndiyoyika ukutshabalala.” Watsho uNomayini eguqe ngamadolo ezogqume ubuso ngezandla. “Ndicela uxolo Bawo ngokubahleka abashumayeli ababesithi kuzakugwetywa.” Wayesele eyingxididi uNomayini esazogqumile amehlo. Wathi guqaqa uNana ecaleni konini elinganisa yonke loo nto yayisenziwa ngunina. Malunga nesiqingatha seyure babesawavale mba amehlo bewogqume ngezandla. Bothuswa lilizwi lomyeni wakhe, “Nina kantamekwana, khawundenzele ikofu ndomile mfazi wakowethu.” Bathi balulu amehlo ngaxeshanye nonyana wakhe. Wayesele ekufutshane nomnyango wendlu. Wazivuthulula uNomayini engasakholelwa nokuba uyaphupha na okanye usesephupheni. Wazitswikila izidlele zozibini, wazibetha ngempama ezama ukuvuka. “Wenzani na Nakwekwe? Wabuza umyeni wakhe emjonge ntsho emehlweni. Walahla phantsi loo mbabala wayeyityathile wangena endlwini. “Kwenzeka ntoni na ekhapha Nakwekwe, bubusaza bantoni obu bukule ndlu? Amanzi la achitheke xa bekutheni?” Wayesele enyuse impumlo umyeni wakhe engathi uyanukiselwa.

“Yhu, yile hagu inamantshontsho Sekakwekwe.” Watsho uNomayini ephakama evuthulula loo mhlaba wawusemadolweni. Wangena endlini sele efinyeze ilokhwe. “Khange uyibone le nto besiyibona noKwekwe na sekaNtamekwana? Amadama, iinkomo umhlaba ububhabha emoyeni. Besicinga ukuba ngenene inokuba kuyagwetywa njengokutsho kwamagqobhoka.” Watsho uNomayini egaqe ngamadolo ebutha loo manzi ayedame kuloo ndlu. Wagcampuza kuwo uNana waya kuthabatha ibhekile yamarhewu wayisa kuyise. Zange athethe uyise wayithatha wayivula wasela engaphumli nokuphumla.

## **Ndimfumen' umntanam**

Malunga nentsimbi yesithandathu kusasa, wavuka uSabelo ngeliya kuchitha amanzi. Wayengafuni kuwavula amehlo kuba engafuni kuphelelwa bubuthongo. Wehla kancinane ebhedini, suke waya kubetheka kwinto eyomeleleyo. Wawavula amehlo akhe akuva ubuhlungu koko kubetheka. Wawavula amehlo ukuze abone. Kwakumnyama engaboni kakuhle. Watyikitya amehlo, wajonga. Wacothoza ngeliya kuvula ucango. Umnyango waloo ndlu babelele kuyo wawukufutshane naloo bhedi babelele kuyo. Wacimela, wabuye wajonga.

“Nkosikazi khawundivuse ndiphupha kakubi.” Watsho uSabelo ezitswikila amathanga. Wayekobude ubuthongo uNomalizo zange aphenndule. Waphinda waqwalasela uSabelo, wabona umngxunyana oseludongeni owawuzisa ukukhanya kuloo ndlu. Wasondela kancinane, wabetheka kwakhona embandeni yomlenze wasekunene kwenye into eyomeleleyo. Wancwinela ngaphandle waya kuwa isiqaqqa. Kweso siqaqqa wothuswa yingqele sele kumhlophe kubonakala ukuba sele kusile. Wazama ukukhumbula ukuba uphi na kanene, ebeze njani na apho. Iintakumba zazisihla zinyuka ngemilenze, ngeengalo, umzimba wonke.

Wazithwisha uSabelo erhawuzelwa umzimba wonke. Iintakumba zezongubo zazimbuza imvelaphi. Wathi ezonwaya intloko, wabe emisa ibhasi ephakamisele isandla sasekunxele phezulu, ngesasekunene aziqhawisa ezimbanjeni. Wayezonwaya intloko, abuye onwaye ezondevu zakhe, walikhulula elo flerho linye, wachopha phezu kwalo bhedana babezibona belele kuyo wazithwisha ezindeveni. Wabonela mgama ikama yentsimbi, wayithatha wazixhwitha ezo ndevu zakhe. Loo bhedana babelele kuyo yayiliqonga elenziwe ngezikhuni zemithi, impehla yayenze imvuthuluka apho phantsi kwebhedi. Iingutyana iyimirhajana okungathi zeza ngutyana bebelalisa kuzo izinja. Waziqwalsela esiqwini, wayesanxibe iimpahla zakhe zokulala zexabiso. UNomalizo wayesanxibe ezo mpahla zakhe zokulala zesilika.

“Nkosikazi... siphilapha?” wabuza uSabelo ephaphazela.

“Andazi myenam, size njani apha?” Waphendula uNomalizo iinyembezi zizehlela.

Wehlika uNomalizo wanyathela phantsi, iziliphasi zakhe zazingekho, ecaleni kweloo qonga babevuka kulo kwakukho ingxowa endala yomgubo wombona. Wathi makakhe aphume phandle. Wathi xa ebamba ucango, leza kuye lonke nomgubasi.

“Yhu! Ndincede myenam...” Wayesele ephantsi eloo cango naloo mgubasi ziphezu kwakhe.

“Sele ndifikile nkosikazi yam.” Watsho uSabelo sele emi phezu kwakhe ngesandla sasekhohlo ezama ukususa eloo cango, ngesasekunene exakekile ekama iindevu zakhe. Zazigcwele loo kama wayeyiphethe esopha esilevini nangona wayengaziboni.

Waphakama uNomalizo wonda ngomnyango owawusele ungumngxunya oneentanda ezinkulu. Wothuswa kukuphuma kweenkuma zilandelwa ngunomadudwane. Akazange abesajonga kwezo zirhubuluzi, wasimbela isinqe eshiya uSabelo esakama iindevu.

Wabaleka wayonqandwa ziindonga ezazikude kufuphi naloo ndlu babezibona belele kuyo. Iphika lalimvalile, wahlala phantsi enqwenela ukuthi kanti uphupha kakubi. Esathe natya kwezo ngxondorha, wothuswa kukukhohlela komntu kude kufuphi naye. Waphakamisa amehlo wajonga. Kwakumi kude kufuphi naye ixhegokazi elalishwabene ebusweni. Laphakamisa isandla limbulisa.

“Mholo ntwazana yam entle. Ndiyavuya ukukubona kudala ndikukhangela. Ekugqibeleni ude wafika.” Latsho ixhegokazi lisondelela kufuphi. Wazama ukuthetha uNomalizo kodwa ilizwi alakhe litsho ukuphuma. Wazama ukuphakama, nkqi inkantsi yayimbambe umzimba wonke. Lade lafika kuye eloo xhegwazana lamncamisa izidlele zozibini lamqhwaba ngempama kabini. Lancuma ixhekazana izidlele zashwabana ngokuye lincuma. Lavuma ingonyana, lingqisha ngodondolo phantsi.

*“Ndimfumene umntanam, ndimfumene umntanam.*

*Halala hoyi, umntanam, halala hoyi, umntanam.*

*Kumnandi kum ngomntanam, kumnandi kum, ngomntanam.*

*Halala hoyi ngomntanam, halala hoyi, ngomntanam”*

Lamfunqula ngezo zandla zazishwabene kodwa zomelele. Lambophelela ngetyali emqolo lingayekanga ukombela. Waba lelo gqajolo lude uNomalizo kuloo mqolo ugobileyo welo xhegwazana. Lasuka lalide ixhegwazana ngephanyazo, wancipha yena ngephanyazo. Wathi xa ezijonga uNomalizo wabona imilenze yakhe imifutshane, iinyawana zakhe zilingana nezosana. Ngenxa yokothuka awayekothukile, waphakamisa izandla zazilingana nezosana. Wazama ukuluma umqolo welo xhegwazana. Wayengenamazinyo, wayeneentsini ezifana nezosana. Wasethula phezulu isikhalo uNomalizo. Kwasikhalo eso yayisesosana.

*“Thula bhabh’ omncinci. Thula san’ oluncinci.*

*Thula sana lwam, ndiza kuncancas’ ubisi.*

*Yhe...yhe...yhe...yhe”*

Lacula ixhegwazana limana ukujikeleza isiduli seentubi. Kumjikelo wesixhenkxe lajika ixhegwazana langumtshakazana omhle onxibe amajelumani.

Wayezidluthuluza uNomalizo ezama ukohluka kuloo mqolo. Ngokuye ezama ukuzidluthuluza, laliye liqina iqhina elalibotshwe lixhegwazana.

Wafika uSabelo emaphikana, “Somtshakazi, khange umbone umfazi wam?”

“Hayi bhuti andikhange ndimbone.” Waphendula umtshakazi esashushuzela umntwana engamanga ndaweni nye.

“Hatata, hatata, tata.” Latsho ilizwi lomntwana emqolo ekhwaza ekhabalaza ezamazama ukwehlika.

“Hatatataatata...” Wayekhabalaza umntwana emqolo ecaphuka ekhwaza nokulila kwakulapho.

“Luhle ke Somtshakazi olu sana lwakho, kodwa lubonakala lufuna ukwehlika. Alulambanga kodwa?” Wabuza uSabelo ejonge kolo sana lwalugqushalaza kuloo mqolo womtshakazi.

“Ungazikhathazi wena bhuti, luyozela, luhlala lusenza le nto xa lozelayo.” Watsho unina wosana esaxhentsa ezama ukuthuzela usana olo.

Wayikhangela inkosikazi yakhe uSabelo kwezo ndonga, aphakamise amatye, aphice nezicithi zengca. Wahlala phantsi wavuma ingoma wathi,

*“Tumato yam ethandwa ndim, tumato yam ethandwa ndim...”*

*Buyela kum, uthandwa ndim, buyela kum, uthandwa ndim...*

*Lonwabo lwam, uthandwa ndim, lonwabo lwam, uthandwa ndim...*

*Buthongo bam, uthandwa uthandwa ndim, buthongo bam, uthandwa ndim...”*

Wathi akuvuma loo ngoma uSabelo, lwalila kakhulu usana emqolo kumtshakazi.

“Kunlungile bhuti mandikushiye usana lwam lulambile.” Watsho umtshakazi ebhumbutha usana ngesandla sasekunene. Wahamba kuloo ngca efathula. Wayesithi akunyathela itshe ngoko nangoko ingca kubengathi kubekwe intsimbi etshisayo yashiya umzobo wonyawo. Wazama ukulandela uSabelo ezinyaweni zomtshakazi. Wathi xa ebeka unyawo lokuqala phezu kweloo lalizotywe lunyawo lomtshakazi, waxhuma wangciphula ngomlenze omnye eluphakamisele phezulu unyawo lwakhe. Wahlala phantsi walujonga, lwalunamadyungudyungu okutsha. Waphakamisa amehlo emva kwemizuzu elishumi ejonga umtshakazi, wayengasabonakali nangotshengele.

Wathi esahleli apho ephulula loo madyungudyungu, wothuswa ziingcongconi zisombelela kufutshane nendlebe zakhe. Wazama ukuziphekuza suke athi xa ephekuza ngesandla sasekhohlo kwindlebe yasekunene, ngesasekunene ebambe unyawo lwasekhohlo. Lwatsho ulwamvila waxhuma uSabelo wayeka neloo nyawo wayelubambile laya kuhlabeke ezingcongolweni ezazikude kufuphi naye. Ngokuqhanyaza kwemehlo, atsaza amanzi ukuphuma kolo nyawo lwakhe. Ageleza aya kungena kweloo chibi lalisele liqhekekile kukungabinamanzi.

Abhobhoza ukuphuma kolo nyawo amanzi wamangaliswa uSabelo kukugcwala kweloo dami ngephanyazo. Atsama amadyungudyungu, ngephanyazo aphela kwangathi alukhange lubenamadyungudyungu unyawo.

Wazitswikila uSabelo egakholelwa ukuba ngenene usephupheni na. Wacimela, wabuya wavula amehlo. Lalithe thwayiba kukuzala idama. Wothuswa sisandi samarhanisi esiza ngakuye ebaleka ephakamise amaphiko. Angena kwelo dama asela, abuye adada kwalapho. Elimye laloo marhanisi lalimana ukutsala intamo likhamise ngokungathi liyathetha. Walijonga emangalisiwe uSabelo. Wancuma wasondela kulo. Lamana ukwalatha ngentloko ukuba makajonge ngasekunene. Wothuswa kukubona izilwanyana zihamba nentsapho zazo. Ihagu ihamba nomyeni wayo namantshontsho ayo. Injakazi ihamba nomyeni wayo nemibundlwana ibuthuza ecaleni kwabazali bayo. Ibhokhwe nayo ihamba nolwayo usapho. Zazilapho into iinkomo nazo zithe chu ukusinga edamini. Iinkawu nazo zimana ukutsibatsiba kuloo ndlela. Zathi xa zizakufika kuSabelo, ze nqumama zajonga kwelo dada lalikhombise uSabelo. Zavova zonke ezo zilwanyana kuSabelo. Wathi nkebe loo mlomo wawungemncinci kuyaphi uSabelo. Zaququzela izilwanyana zilungiselela uSabelo isidlo seziqhamo zasendle. Wayenqwenela ukulwazi ulwimi lwezozilwanyana uSabelo. Kwatsiba iqhajazana elingumvundlana lathi liyazinikela ekufundiseni ukumkani wazo uSabelo lowo. Wothuka uSabelo akuva ukuba umvundlana uyalwazi ulwimi oluthethwa nguSabelo. Wathi nta ezo ndlebe zakhe umvundlana ephethwe litshamba lokuba likhankatha lekumkani. Amahashe amabini eza sele erhuqa inqwelo eyayihonjiswe ngentyatyambo ezizintlobontlobo. Waphakama umvundlana wacela uSabelo ukuba aye kukhwela. Zange abuze uSabelo wathi chu ukuya enqwelweni. Aphala kuhle amahashe kukho unkawana emana ukuphakamisa isabhokhwana akhombe indlela. Umvundlana wayemana ukutsibatsiba kuloo nqwelo imihlali ingamphumlisi kwaphela.

Emva kwemizuzu engamashumi amathathu yagaleleka inqwelo yomvundlana kwisakhiwo esihle esibiyelwe kakuhle ngezitena ezibomvu. Wahlangatyezwa uSabelo lixhego lemfene lisimelela ngomsimbithi. Wehlika enqweleni uSabelo wema apho ephunguphunguza. Waye

